

UTHIXO AKAMBIZELI UMNTU

EMGWEBENI NGAPHANDLE

KOKUBA AMLUMKISE KUQALA



“...wabiza ishumi lamawaka eeNgelosi,” xana enye ibingatshabalalisa ihlabathi, “kodwa Wafela mna nawe.” Leyo yinto efana nesiseko eso endifuna ukuba nomyalezo wam wakusasa ngeCawe, ukuba iNkosi ithandle, ku “Wayeyintoni uKristu?” Kwaye ngoku silindele ukuba mhlawumbi la mantombazana mancinane angasiculela elaa culo kwakhona, kusasa ngeCawe. Mzalwana uWheeler, ngokuqinisekileyo ndifuna ukutsho ukuba unamanenekazi amancinane amabini alungileyo phaya, kwaye nokunxiba kwabo, kwaye akukho ziqabo nayo yonke into. Bakhangeleka njengamaKristu kum, kwaye bacula njengawo kwaye benza njengawo. Oko kulungile kakhulu.

² Ndiyakholwa, ndandisithi kwinkosikazi yam ngenye imini, ngokuqinisekileyo sineqela labafazi abakhangeleka becocekile apha. Ndiyayixabisa loo nto. Inwele zabo ezinde kunye nobuso obucocekileyo, kwaye banxibe ngokundilisekileyo. Ndi—ndi—ndiyanincoma ngalo lonke ixesha elo ndi—ndingenayo. Ndathi kuMeda, “Ndingathanda ukubafumana bonke ngokulandelelana ngelinye ixesha kwaye ndithabathe umfanekiso wabo ukuze ndikwazi ukubonisa amanye amabandla indlela ibandla lethu elingayo apha.” Ukuba apho sithetha khona ezi zinto, ba—bayathobela. Kwaye siyavuya. Yenza into ethile kuthi. Siyayazi ukuba xana si—sinesicelo sethu, ukuba intliziyo yethu ayisigwebi, siyazi ukuba uThixo uyasiva.

³ Ngale ntsasa, umhlobo wam, kude lee ukusuka apha, ubekwe ngaphandle, wamtsalela kude kwaye nje—nje ukuphila nzima, kucingwa ukuba uya kube efile kwimizuzu embalwa. Batsala umnxeba, kwakumalunga nemini. Ndaphuma ebhedini, phezu komgangatho, kwaye ndaqalisa ukuthandazela umfo omdala kwaye ndabanako ngobabalo lukaThixo ukunxibelelana naloo moya, nako ubuya umva. Kwalunga konke, wabuya kwakhona, uyabona, uphila nathi ngokuhlwanje nangoku, eluzukweni lukaThixo. Lowo nguMzalwana uDauch omdala, onamashumi alithoba ananye eminyaka ubudala, amashumi amabini—amashumi amabini ananye adlulileyo kwixesha lohambo lwakhe lobomi. Kodwa iNkosi ilungile kwaye izele yinceba, ke sinombulelo ngayo.

⁴ Ngoku, Mzalwana uNeville, sikhangelana ngeenxa zonke omnye komnye kwaye ndiyazi ukuba ndifumene okuncinci... malunga nenkonzo enye ngaphezulu ezakuba lapha, kwaye leyo iyakuba yiCawe. Kwaye a—andifuni kuthabatha umalusi wam, ndithanda nje ukumva eshumayela.

⁵ NgeCawe ebusuku xana wayeshumayela, ndiyanixelela, ndenyuka apha nomhlobo ukuya kulo qhuba ungene omncinane, ukuze sifumane isandwitshi emva koko, uMzalwana u-Evans noDade u-Evans, baze babaleka ukuya kuMzalwana noDade uSothmann phezulu phaya. UMzalwana uSothmann nabo bonke babephawula ngalo myalezo umangalisayo. Kwaye, ndiyanixelela, ndiphile kuwo yonke iveki, phantse. Kwaye okunye koko kuphawula kukuba indlela leyo inciniba ecinga ukuba yayizifihle ngayo. Ngoku, leyo yinyani, xana ifaka intloko yayo emhlabeni, kodwa uninzi lwayo lusakhangeleka lungaphandle. Ke oko kumalunga nendlela esenza ngayo ngamanye amaxesha. Sizama ukufihla intloko yethu emva kwento ethile, kukho rhoqo... mhlawumbi sisavelile, uyazi. Ubona yonke indawana yethu, uyabona. Ke ndiyixabise ngokwenene loo nto.

⁶ Ngoko ndacinga, ke, ndiyathanda ukuthetha nebandla kwaye ndacinga, ke, ndi—ndi... UMzalwana uNeville ufumana ukuthetha nani ngalo lonke ixesha, ke ngoko xana ndilapha ezantsi mhlawumbi ndihlile. Andifuni ukuba ngumhanahanisi ngokwaneleyo, kwaye ndingabikho ngaphandle emnxebeni, okanye akukho nto, ndihleli nje phezulu phaya endlwini yabe inkonzo ivulwa ezantsi apha. Ndi—ndifumene... ndifuna ukuba lapha ezantsi ngokuba ndiyanihanda.

⁷ Ndiyanixelela, ngokuqinisekileyo ndiluhlobo olu... Imozulu apha ayivumelani nam, kwaye ndi... kwaye ilizwe alivumelani nam kwaye andidibani nomoya lowo olapha. Kwakamsinya nje ukuba loo moya undibethe ndisuke nje ndiphume amadyunguza, kanye ngaphaya, yabona, kwaye akukho nto unokuyenza malunga naloo nto. Kwaye ndi... Kwaye asiziva kamnandi, namnye kuthi, xana silapha. Thina... akukho namnye wethu oziva kakuhle okoko silapha, kuba siluhlobo oluqheleneyo nalaa mozulu iphezulu.

⁸ Kodwa, ngoku, inye into leyo enditsalela apha nini nonke. Kunjalo oko, nina nonke. Uyazi, ufumana abahlobo abaninzi, ndi—ndinombulelo kakhulu. Ndiyaqikelela ndi... ukuba nje bendibala, ngokobuqu, abantu endibaziyo, mhlawumbi ibiyakuba zizigidi kwihlabathi jikelele. Kwakha kwaqikelelwa ngomnye umntu, kwaye mhlawumbi kulwazi lobuqu, olumalunga neshumi lezigidi zabantu. Kodwa kukho into ethile malunga—malunga nekhaya, malunga nabantu abathile. Kukho nje, wonke umntu unayo loo nto, kukho abantu abakhethekileyo ebomini bakho. Uyazi, ndiyakukholwa oko. Ukuba akunjalo, ngoko kutheni inkosikazi yethu ikhethekile kuthi? Kwaye

kutheni—kutheni awethu...Yabona? Siya...amakhosikazi ethu, abayeni bethu, na njalo njalo, ba—bakhethekile. Kwaye ninayo loo nto nabahlobo. Kukho enye into leyo oyithandayo nje ukuhlangana nabo kwaye uthethe nabo. Kukho amabala amancinane.

⁹ Kwaye ndinganokucinga ngalo mgxobhozo wakudala ulapha apho eli bandla lincinci lalimi kuwo, kwaye apho ngaphambi kokuma apha kwakungekho nto ngaphandle kwe—kwechibi. Eso sisizathu sokuba laa ndlela ibekwe phandle phaya, ukujikeleza elaa echibi. Le eneneni yindawo, kwaye isitalato siza kanye ngasemnyango phaya. Kwaye, kodwa yayilichibi. Kwaye ndiyakhumbula ndiphuma apha kwaye ndizama ukufumana indawo yokwakhela iNkosi icawa, kwaye ndiyinkwenkwe nje eselula.

¹⁰ Ndaze ndaphulaphula kwaba, lo mfo uselula kunye nalo ungaphaya, bethandaza kwithuba elidlulileyo, ngako konke okuya kuthabatheka. Ndacinga, “Uyazi, ndandidla ngokwazi ukuthandaza ngolo hlobo, ngaphandle kokubamba umphefumlo wam, phantse.” Kwaye uze ube mdala, ubaluhlobo lokucotha usihla kancinane, uyazi, kwaye oko. Usahamba, kodwa ukwi “giya lesibini” njengokuba ndaxelela uMzalwana uWood phandle phaya. Kodwa, kwaye ngoko okoko nje... Kwaye ngoko emva kwethuba uyehla ukuya kwigiya eliphantsi, xana ufika malunga namashumi asixhenxe okanye asibhozo, ndiyaqikelela. Kodwa, uyazi, i...usahamba, nangona kunjalo. Okoko nje usenako ukushukuma, kwenza mahluko mni? Nje lixesha elincinane ngokwengeziweyo ukufika phaya.

¹¹ Ndiyakhumbula indlela endandithandaza ngayo, kwaye kanye apha kolu khula, kanye apha apho le pulpiti imi khona ngoku, nje malunga nendawo ekuyo, kulapho ndabethelela khona isibonda esincinane apho ndazile ukubeka ipulpiti khona. INkosi uThixo indinika le ndawo. Ewe, mhlekazi. Ngoku, kanye phaya kwilitye lembombo kubekwe ubungqina bam bombono ngentsasa endalibeka ngayo, xana phantse kwakunzima nokucinga ngoko, wathi, “Lo asingomnquba wakho, kodwa yenza umsebenzi womvangeli,” Watsho. Ndakhangela ngaphandle kwaye ndabona lonke ihlabathi phaya, kwaye nesiqaqambileyo esiluhlaza isibhakabhaka, lembantu besiza bevela kuyo yonke indawo; ibekwe kwilitye lembombo phaya. Okungakanani okuncinci endacinga ukuba iyakwenzeka, nkqu nangona umbono watsho njalo; kodwa ayisileli, iyakuba khona phaya nakanjani na.

¹² Ndibe kudliwano ndlebe oluninzi kule veki, ngokuba, ngeCawe, uBukho obunenceba beNkosi behla. Kwaye bekumele ukuba ndihambe ngoMvulo.

¹³ Ndine...asikalithabathi ikhefu okwangoku, abantwana. Ikhefu lam liza emva kwexesha, emva kwexesha kancinane.

Kodwa ndifune ukuthabatha abantwana ixesha elincinane. Kufuneka ukuba babuyele emva kwaye baye esikolweni ngoku, kwaye ke ndiye ndacinga ukuba le veki iyakuba lixesha elimnandi. Ndikhangelenene neChicago kwiveki elandelayo kuloo mhlango phaya.

¹⁴ Kodwa ngoko i—intambiso yoMoya, ndacinga, “Ngoku lixesha lokuba ndibe nodliwano ndlebe.” Ngoku lixesha lokuba ezi...lawo endingabanako ukuwafumana ambalwa awo phaya. Kwaye kukho...ndibona abanye babantu behleli apha abo babekho egumbini. Bayazi ukuba iNkosi yahlangana nathi okanye hayi.

¹⁵ Into engaqhelekanga ukuba wonke umntu, ngaphandle komfazi othile awathi uBilly wambeka kwindawo nje ngaphambili, inenekazi elithile elivela eLouisville, lalinentombazana encinane leyo eyayilapha, Ndicinga ukuba ngenene bangabeBandla likaThixo eLouisville, okanye enye into, kodwa yonke imeko, wonke umntu lowo ungenayo, ngaphambi kokuba ndimke ekhaya uMoya oyiNgcwele wandixelela ukuba ngubani oyakuba lapha, nento abayakuyibuza. Kwaye ndabhala phantsi kwisiqwengana sephepha kwaye ndatsho kanye into abaya kuyibuza nemibuzo yabo ngendlela abaya kuyibuza ngayo, nendlela eya kuphendulwa ngayo. Ngoko ndiyakubaxelela, ndiyakuthi “Apha nje yiloo nto niyi...khangela ngoku, kwimizuzu embalwa edlulileyo apha, loo nto uMoya oyiNgcwele...” Wafika ngaphaya kwedesika kwaye wathi, “Yabona? Undixelele oku ngaphambi kokuba nakha neza.” Yabona? Kodwa xana bendiphezulu endlwini, ngubani oyakuba phaya kwaye iya kuba yintoni, nokuba isimo sabo siya kuba yintoni, nako konke malunga nako, ngaphambi kokuba nkqu ndisuke ekhaya.

¹⁶ Ndalibonile ixesha, ngamaxesha amaninzi, xana ndiyakuba ndisihla ngendlela, ndithandaza, Bendiyakuwubona laa mgca wokuthandazela udlula phambi kwam kwaye ndazi lonke igama eliyakuba kumgca wokuthandazela, ngaphambi kokuba ndifike apha. Kunjalo oko. Kwaye nkqu ndazi apho babehleli khona enkonzweni nokuba yintoni aba...indlela abayakuba benxibe ngayo kwaye nokuba bayakukhangeleka njani na. Awubaxeleli abantu yonke into ngolo hlobo. Wena...Kukho izinto ezenzekayo nje ongabaxeleliyo. Akuyomfuneko ukuba ubaxelele. Ndixelela nje abantu izinto endicinga ukuba ziya kubanceda, xana iNkosi indinyanzela ukuba ndibaxelele, ithi, “Yitsho oku.” Ubungena kufuna ukuxela yonke into oyibonileyo, ngokuba loo nto ibingayi kulunga, uyabona, wena nje...kakade, ungena enkathazweni nakuyo yonke enye into ngolo hlobo. Kufuneka wazi ukuba uziphatha njani na ezo zinto ngoMoya weNkosi.

¹⁷ Ndikhe ndanabantu bame phambi kwam kwaye bandibuze imibuzo, ndiyazi kakuhle, kodwa bendingayi kubaxelele,

ngokuba ndaziva ndinyanzelekile ukuba ndingakwenzi oko. Niyakhumbula, ndiyakholwa, bekukubusuku bangoLwesithathu odlulileyo, ndashumayela ngo, *UmBanjwa?* Yabona? Yabona, ufuna ukuxelela laa mntu, kodwa iNto ethile ithi, “Musa ukuyenza lonto.” UMoya uthi, “Musa ukuyenza lonto. Musa ukuyenza lonto.” Ukanti isibabalo sikhangele kanye kuyo, yabona. “Musa ukuyenza lonto. Musa ukuyenza lonto.” Yabona, ke kungcono ungakwenzi oko; ngoko usengxakini noThixo.

¹⁸ Ngoku, asizanga ezantsi apha ngokuhlwanje ukuze nje sime apha. Sifuna ukuya iLizwi leNkosi. Benithandaza kwaye siye saba nexesha elimangalisayo, kwaye—kwaye ndi . . . soloko xana ndisihla ndiyazi ukuba ndizisa nje incwadi encinane yetekisi kuba kukho . . . Ngamanye amaxesha uMzalwana uNeville uba nenceba uyaqhubeka endibuza, “Ingaba uya kukwenza *oku*,” okanye “yenza *okuya*,” okanye “thetha?” Kwaye ndikhangele apha ndide ndizifumanele itekisi yohlobo oluthile kwaye ngoko siyakuyiqalisa ukusuka phaya. Kwaye ndiqinisekile . . . Ngoku, qiniseka ngeCawe . . .

¹⁹ Ngoku, andi . . . Asingekhe sazi, asinakuxela. Uyabona, ndikhe ndeza apha ngamanye amaxesha ne—netekisi engqondweni yam leyo endandiya kuthetha ngayo, kwaye ndifike apha kwaye ndiyitshintshe ngokupheleleyo. Kwaye ndiye ndaneZibhalo zibhalwe phantsi, ndithi, “Ndiyakusebenzisa le tekisi, ndiyakusebenzisa ezi Zibhalo. Njengokuba zisihla, ndiyakuthetha *oku*, *okuya* okanye *okunye*.” Ndiyakubhala phantsi, kanye njengo, abokuQala baseKorinte 5:15, nabeSibini baseKorinte 7:1, noMateyu 28:16, njalo njalo, nje ndiyibeke ngaphakathi ngolo hlobo, phantsi apha ngolu hlobo, kwaye ndibhale ezo Zibhalo phantsi. Kwaye nikhangele ezantsi phaya, ndiyazi ukuba sithini na iSibhalo phaya; ngamanye amaxesha ndingaze nkqu ndikuchukumise oko, kuhamba yonke indlela ukujikela ngendlela eyahlukileyo, ngokupheleleyo. Kwaye nje asazi.

²⁰ Ke ngoku, ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukuthetha, ekuvaleni olu luhlu luncinane lweenkonzo ukususela oko ndibe lapha, ngentsasa yangeCawe, kwinto ebaluleke kakhulu. Ke, ngoku, yiza kwangethuba, uzilungiselele ukuhlala nje kancinane kancinci kube kamva, mhlawumbi malunga nentsimbi yesibini entloko, into elolo hlobo. Ke yi . . . Ndinezimalunga namashumi amathathu okanye amashumi amane iZibhalo esele zibhaliwe phantsi kumxholo, kodwa ndicinga ukuba yintoni . . . yintoni endiyakuzama ukuyenza, ukuba uMoya oyiNgcwele uya kundanceda, ukubamba uMyalezo kunye nendawo okuYo ngoku, kwaye ndiWakhe kanye apho Waqala khona, kwaye ndiWakhe kanye ukuza kwixesha langoku.

²¹ Ukuze xana ndi—ndihamba ukuya eChicago, ngoko kufuneka ndiye ngqo e-Arizona, kwaye ngoko ndiqhubele

phambili, ndiqhubeke njalo. Kwaye kusenokuba, ngokolwazi lwam, kusenokuba kulo nyaka uzayo kwakhona, mhlawumbi kwihlobo elilandelayo, phambi kokuba ndibuyele kwakhona emnqubeni, ngaphandle kokuba ndidlula ngapha kule ndlela kwakhona, kuba ndinemihlangano.

²² Kwaye uBilly, kanye ngoku, usebenza phesheya kwezilwandle ngenxa yokhenketho olupheleleyo lwehlabathi ukuqala kanye ngoko nangoko emva kweKrisimesi. Kwaye ndibhukishiwe kude kube malunga noDisemba, kwaye, ke, mhlawumbi iveki yokuqala kuDisemba, eDallas. Ke ngoko—ngoko ngoJanywari sifuna ukuqalisa ukhenketho olupheleleyo lwehlabathi, kuyo yonke indlela ukujikeleza, ngokupheleleyo, kwaye sisebenza phezu kwaloo nto ngoku, ukufumana nje apho iNkosi iyakukhokelela khona. Kwaye—kwaye ndi—ndiyayibulela kakhulu kwi. . . nkqu nakubantu, abalungiseleli, kangangoko njengoko ndithetha nxamnye nawabo—nawabo amahlelo kunye nezinto ezilolo hlobo.

²³ Uyazi, kwiincwadi ezibekwe kanye emva phaya ngoku, uMzalwana uRoy Borders ukhathalela izimemo, kwaye kususela ngeKrisimesi, ukuqala konyaka, kuyekwabakho izimemo ezingaphezu kwewaka kwihlabathi jikelele. Uh-huh. Eziliwaka izimemo ziye zangena emva phaya. Ke iNkosi imelwe nje kukundalathisa ukuba kwesiphi na kwezo ekumele ndiye kuso, nokuba ndenze ntoni na. Sixhomekeke nje kuYe. Ubungeke uzithabathe zonke. U—ubungekhe uthabathe ngaphezu kwesibhozo okanye ishumi lazo ehlotyeni ukuba bekufuneka wenze njalo, kwe—kwepheleleyo. . . ngaphandle kokuba uyakuya ubusuku obunye apha nobusuku obunye phaya, kwaye oko ku. . . bacela iiveki ezimbini neeveki ezintathu, na njalo njalo, okanye okoko nje unokuhlala, okanye abanye babo bathi “nje okoko nje iNkosi iya kukhokela,” kwaye—kwaye konke ngolo hlobo, ke awazi nje ukuba uqale phi okanye wenze ntoni na. Ke sizibeke nje phandle phambi kweNkosi, sithi, “Ngoku, Sixelele, Bawo waseZulwini.” Kwaye nize nindincede ndithandaze ngalo mba, yabona, ndincedeni nithandaze ukuba sikugqibe oku.

²⁴ Kwaye ndacinga, emva kokuba nenkonzo yempiliso kwiCawe egqithileyo, ngoko mhlawumbi ngaleCawe ukuba sithabatha nje imfundiso kwaye siyizise kanye kwaye sibonise leliphi—leliphi ixesha elo esiku. . . apho sikhoyo, yintoni—yintoni—yintoni—yintoni i—injongo entlantlu ntathu yecebo likaThixo elikhulu kususela ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, kwaye ndilizise lehle ukuza namhlanje, icebo elintlantlu ntathu likaThixo, icebo. Ndisebenza kwicandelo lesibini lalo ngoku, ndikhupha iZibhalo, kwaye ndizizingele kwaye ndizibeke.

Ngoku, makhe sibone, makhe sithobiseni iintloko zethu okomzuzwana nje.

²⁵ Nkosi Yesu, Malusi omkhulu wobuhlanti bezimvu, sihlanganisene apha ngokuhlwanje ngolona babalo Lwakho, kwiGama elingwele. SiyaKuthanda, Nkosi, kwaye siyaKubulela ngobu busuku bomhlangano wokuthandaza, ngenxa yemihlabelelo yebandla njengokuba siyivumileyo ngovuyo ezintliziyweni zethu, kwaye—kwaye sayiva njengoko ingena ngaphakathi, siqhweba izandla. Kwaye ngoko siye saya phantsi ngamadolo saza saphalaza iintliziyo zethu kuWe, kwaye saKubulela ngenxa yaloo nto Osenzele yona, kwaye—kwaye siKucela ukuba uqhubeke ukuhamba nathi.

²⁶ Kwaye ngoku iyure ifikile yokufundwa kweLizwi nento yokuthetha ngayo, kubantu. Salathise kwiingcinga zethu, Bawo, kwaye ufumane uzuko. Kwaye uthethe into ethile ngokuhlwanje, ngathi, leyo eya kusinceda sonke ukuphuma apha sinenjongo ezintliziyweni zethu ukuba siphile ngcono kwaye sisondele kuWe kunokuba sakha saba nako. Yiloo nto esilapha ngenxa yayo, Nkosi, silapha ukuze sazi ngakumbi malunga naWe. Kwaye siyathandaza ukuba Uyakucombulula uBume Bakho obukhulu kuthi ngokuhlwanje kwisityhilelo seLizwi Lakho, ukuze sazi ukuba njani ukuba sibe—sibe ngumKristu ongcono kunye nendlela yokwenza kule mihla yokugqibela. Sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

²⁷ Ngoku, ukubona kwam kuwela phezu kwesicatshulwa apha sika-Isaya, u-Isaya 38. Makhe sifunde ngaphaya ku-Isaya, u-Isaya 38.

Kuloo mihla wayegula uHezekiya ukusa ekufeni. Kwaye u-Isaya umprofeti unyana ka-Amotsi weza kuye, waza wathi kuye, Utsho uYEHova ukuthi, Misa indlu yakho ngolungelelwano: kuba wena uya kufa, kwaye awuyi kuphila.

Ngoko uHezekiya wabujika ubuso bakhe wabubhekisa eludongeni, waze wathandaza kuYEHova,

Kwaye wathi, ndiKhumbule, Owu YEHova, ndiyakukhunga, indlela endithe ndahamba ngayo phambi kwakho ngenyaniso nangentliziyo egqibeleleyo, kwaye ndakwenza oko okulungileyo emehlweni akho. Kwaye uHeze- . . . uHezekiya walila ngokukrakra.

Ngoko kwafika ilizwi likaYEHova ku-Isaya, lisithi,

Hamba, kwaye uthi kuHezekiya, Utsho uYEHova, uThixo kaDavide uyihlo, Ndiwuvile umthandazo wakho, Ndizibonile inyembezi zakho: uyabona, Ndiya kongezelela kwimihla yakho ishumi elinesihlanu leminyaka.

²⁸ Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo kolu fundo. Ngumxholo obalaseleyo kakhulu ukwenzela umyalezo omfutshane apha, ndiyakholwa. Ndifuna ukuwubiza: *UThixo Akambizeli uMntu EmGwebeni Ngaphandle Kokuba*

AmLumkise kuQala. Kwaye thina si—thina si—thina kufuneka sibambe i—imvelaphi okanye iqonga lawo apha, kwesi siqendwana ngokuhlwanje, UThixo elumkisa umntu ngaphambi kokuba amzise ekufeni kwakhe.

²⁹ Ngoku, wonke umntu unoku. Sinokuthi, “Ke, lo mfo wafa ngaphandle kwesilumkiso.” Hayi, hayi, hayi. UThixo akanakuze. . . Awuyazi into leyo eyayisentliziyyweni yaloo ndoda, awuyazi ukuba yintoni ebiqhubeka ebomini bakhe. Yabona? UThixo akakaze azise nawuphi na umntu ekufeni kwakhe ngaphandle kokuba amlumkise malunga nako, emxelela, yinto ethile, ukulungiselela. UThixo ungo—ungozimele geqe, kwaye U—Unkqonkqoza entliziyyweni yomntu wonke, emnika ithuba lokuba eze. Ngoku, usenokulumkiswa kwaye angasaMkeli, kwaye—kwaye anikine intloko yakhe kuSo aze ahambe emke, athi, “Ah, yimvakalelo nje ebaxekileyo, ndiya kudlula kuyo.” Kodwa, nakanjani na, yayinguThixo, uThixo ethetha kuye.

³⁰ Kwaye uThixo akazange nkqu azise umgwebo phezu komhlaba ngaphandle kokuba abanike isilumkiso abantu kuqala. UThixo akazange enze nto ngaphandle kokuyivakalisa kuqala into Ayakuyenza. Kwaye Unika abantu ukuzikhethela, kwaye unokwe—unokwenza okulungileyo okanye okungalunganga. Leyo yeYakhe. . . Yabona, uThixo akanakuze ayitshintshe eYakhe—eYakhe imvelo. Inkqubo yakhe ayinakuze itshintshe ukusuka kuloo nto Aqalise ngayo, ngokuba Yena akanasiphelo kwaye inkqubo Yakhe kunye neembono Zakhe zonke zigqibelele. Ke, ukuba Uyakuyitshintsha, loo nto iya kubonisa ukuba Ufunde ngakumbi. Ke, ekubeni engenasiphelo, Akanako ukufunda ngakumbi. ESakhe—eSakhe sokuqala—eSakhe sokuqala isigqibo sisoloko sigqibelele, kwaye akukho nto inokuze isitshintshe. Yabona?

³¹ UThixo, ngaphambi kokuba umntu wakhe wabeka. . . wayenethuba lokwenza okungalunganga, UThixo wambeka kwisiseko apho wayenokwamkela okanye akhanyele, wayenokwamkela okanye—okanye hayi.

³² Nditsho, kakade, ukuba laa mlungiseleli ulapha, uMzalwana uBaker, ndiyakholwa ukuba wayeku—kudliwano ndlebe ngenye imini, Ndinemibuzo yakhe awayendibhalele yona ngembewu yenyoka. Ndiyifumene ibekwe emva apha ngoku. Ukuba ulapha, ngokuba, ke. . . andimboni naphi na kanye ngelixesha ngoku. Kodwa ulapha. Yena nonkosikazi wakhe, indoda elunge kakhulu kunye no—nomfazi, kodwa ba—babengenakuqonda izinto ezimbalwa ngemfundiso malunga nembewu yenyoka, indlela lowa—lowa. . . eminye imibuzo malunga naloo nto endayitshoyo, kunye—kunye neentshumayelo ezingaphaya koko, kwaye—kwaye ndithetha malunga no—nokumitha na njalo njalo. Kodwa ndi. . . ngoko nje ufana nomzalwana, indoda elungileyo, umKristu nje iminyaka embalwa okanye emibini, kodwa nje akazange aqonde, uyabona.

33 Kunzima ukuba awu...Kufuneka uxhomekeke kuMoya oyiNgcwele ngokuba le Bhayibhile ibhalwe ngamaqashiso. Awunako nje ukuhlala phantsi kwaye uYifunde njengephephandaba. Ifihliwe. Ewe, mhlekazi. Ungamgwebela njani uThixo xana Waxelela uMoses phezulu phaya, wathi, “Ngoku, musa ukwenza nayiphi na imifanekiso eqingqiweyo,” kwimiyalelo Yakhe, “musa ukwenza nantoni na efana neZulu, nayiphi na—nayiphi na iNgelosi, okanye nantoni na eyenye, musa ukwenza nayiphi na imifanekiso eqingqiweyo,” kwaye nangoko kwangaloo mini wamxelela ukuba abumbe iiNgelosi ezimbini ukuphuma kubhedu azibeke kanye kwisihlalo sokucamagushela, apho inceba ikhoyo? Yabona? Kufuneka umazi uThixo kunye neMvelo Yakhe ngaphambi kokuba ubenakho ukuliqonda iLizwi Lakhe. U—U—Unesitshixo sela Lizwi, ngoKwakhe, kwaye Ngu—nguYe Kuphela onako—onako ukuLiphatha kwaye aLivule, kwaye ke nguYe Omelwe kukuLityhila.

34 Kwaye ngoku, sifumanisa ukuba iMvelo Yakhe yayinjalo, apha, ukusoloko kulumkiswa umntu ngaphambi komgwebo, ukulumkisa isizwe ngaphambi komgwebo, na njalo njalo. Usoloko enika isilumkiso Sakhe, isikhumbuzo kuthi, soxanduva. Sinoxanduva, kwaye uThixo usibeke apha emhlabeni ngesizathu, kwaye eso sizathu eso Asibekele sona apha, sinoxanduva kuYe ngeso sizathu. Kufuneka uye kuYe kwaye ufumanise ukuba yintoni Afuna ukuba uyenze. Yabona? Ukuba awenzi njalo...

35 Ukuba uye kusebenzela indoda, ize ikunike umsebenzi kwifama, okanye enye into, kwaye uphume nje uye eshedini kwaye nje uhlele phantsi phandle phaya, uze uthi, “Ke?” Yabona, umelwe kukuba uye kumbuzo into afuna ukuba uyenze, kwaye ngoko uyenze. Ukuba usebenzela indoda, fumanisa ukuba iyintoni imisebenzi yakho.

36 Kwaye ngoko ukuba ubomi bethu buphezu ko—komhlaba apha, ngoko kufuneka siye kuLowo Usibeke apha, kwaye, “Nkosi, yintoni Obungathanda ndiyenze? Yintoni—yintoni—yintoni ekumelwe ndiyenze? Kutheni ndilapha?” Ukuba uyakuba ngunkosikazi wasekhaya, umhlambi wezitya, ukuba kuya kuba njalo...Nantoni na uThixo afuna ukuba uyenze, ngoko wenza oko kangcono kakhulu oko ukwaziyo ngendlela ekwenziwa ngayo. Akukhathaliseki nokuba kuncinane, akukhathaliseki nokuba kuncinane kangakanani na, kumelwe ukwenze.

37 Uthi, “Ke...” Ingxaki yoko, kukuba, ngamnye kuthi ufuna ukwenza umsebenzi womntu olandelayo. Sonke sifuna ukuthabatha ibhola, njengokuba sisitsho, uyabona.

38 Njengale wotshi apha, ngoku, yonke intshukumo encinane ephaya inendawo yayo. Ngoku, yonke inxalenye yayo ayinakuba

zizandla. Ngoku, ndikhangela kuphela ezandleni ukubona ukuba leliph na ixesha. Kodwa ukuba elinye lala mavili amancinane alapho liyaphuma kucwangco, loo nto ayisayi kuligcina ixesha elililo.

³⁹ Kwaye yiloo ndlela kuyiyo ngabantu. Thina sonke, uMzimba kaKristu, umelwe kukuba ube kwindawo zawo, ngemvisiswano. Yabona? Kwaye ngoko sinokukhangela ngeenxa zonke kwaye sibone ukuba leliph na ixesha lemini. Yabona? Ngoko ihlabathi likhangele ukubona ukuba leliph na. Yabona? Yabona? Kodwa bakhangele nina. Kwaye ukuba usisipringi esincinci sewotshi, isipringi esikhulu sewotshi, okanye nantoni na oyiyo, wenza owona msebenzi ungcono kakhulu onokuwenza kuloo nto.

⁴⁰ Ngoku, ngokuba, sinoxanduva olo esimelwe kukuphendula ngalo kuThixo ngenye imini ngenxa yalo. Wonke umntu lowo othe weza phezu kobuso bomhlaba umelwe kukuphendula kuThixo ngenxa yoxanduva. Kwaye, kuninzi lwethu, ubugosa, kufuneka siphendule ngenxa yabo. Thina... Olu xanduva bubugosa obunikezelwe kuthi nguThixo, andikhathali nokuba buyintoni na. Njengoko benditshilo kwimizuzu embalwa edlulileyo, “unkosikazi ongumgcini ndlu,” ngoko makabe ngowenene ekugcineni indlu. Kunjalo oko. Ukuba iyakuba ngumfama, makabe ngumfama wokwenene. Nokuba yintoni na leyo uThixo akubeke ukuba uyenze, unobugosa kuloo nto, umelwe kukuziphendulela kuThixo ngayo, ngokuba kuthabatha zonke ezi zinto ukukwenza oko.

⁴¹ UHezekiya waxelelwa ukuba alungise kwaye alungiselele ngokuba kwakufuneka ukuba ahlangani noMenzi wakhe. Ngoku, uHezekiya wayengukumkani, kwaye eyi—eyindoda enkulu. Ingaba uqaphele isicelo sakhe apha? “Nkosi, ndiyaKubongoza ukuba undiqwalasele. Ndi—ndihambe phambi Kwakho ngentliziyo egqibeleleyo.” Obunjani ubungqina obo ku—ku—kuthi namhlanje, kwaye kufanele ukuba njalo, umntu lowo ohambayo phambi koThixo.

⁴² Nkqu nokufa kwabizwa phezu kwendoda kodwa nangoko uThixo wayitshintsha ingqondo Yakhe malunga naye, ngokuba uHezekiya wayefuna ukwenza into ethile kwaye uThixo wathi Yena “uyakuzinika iminqweno yentliziyo yethu.” Kwaye ixesha likaHezekiya lasele lifikile, kwaye wa—waba nomhlaza kuye, okanye enye into, kwaye—kwaye bakubiza oko “ithumba” ngaloo mhla, kodwa siyazi ukuba amathumba akakubulali rhoqo, aye nje aphile. Kodwa mhlawumbi yayingumhlaza, kwaye wavuleka njengethumba. Kwaye—kwaye uThixo waxelela u-Isaya, wathi, “Yiya phezulu phaya kwaye umxelele ukuba uya kufa.” Kwaye uHezekiya wayenento awayefuna ukuyenza nangoko. Wabane—wabane... .

⁴³ Xana ucenga nantoni na kuThixo, umelwe kukuba ube sisizathu ngenxa yayo. Kufana nesi Sibhalo eso endihlala

ndibhekisa kakhulu kuso, “Ukuba nithe kule ntaba, ‘Funquleka,’ kwaye ningathandabuzi, kodwa nikholwe ukuba oko nikuthethileyo kuyakwenzeka, ningayifumana loo nto eniyithethileyo.” Ngoku, oko ngokupheleleyo kulawulwa kwinjongo nokuzimisela, yabona, okanye akusayi kwenzeka. Yabona?

⁴⁴ Awunako nje ukuphumela phandle apha...Kulapho abaninzi bethu benza khona iimpazamo ezininzi, kukuphuma bathi, “Ngoku, ndiya kukubonisa ukuba ndinokholo lokukwenza oku.” Ngoku, awulunganga nje indawo yokuqala. UThixo akaniniki izibabalo ukuba nidlale ngazo.

⁴⁵ Njengokuba benditshilo ethubeni elidlulileyo, Akakubonisi imibono nje ukuba udlale ngayo. Oko akuyonto yokudlala. Oko kungcwele. Nje kusebenzise oko kwi...njengoko iNkosi iya kukuvumela. Yiba ngumbanjwa kuYo. Akukhathaliseki nokuba kukanganani ufuna ukuxelela laa mfo ukuba akalunganga, kwaye yintoni le, leya, okanye enye, uyayibamba ade uThixo atsho njalo. Ngoko xana uThixo esitsho njalo, ngoko usenokuza no-ITSHO INKOSI! De kube ngoko, sukanje ulibale malunga nayo.

⁴⁶ I—ihlabathi namhlanje linjengokuba uHezekiya waye njalo ngoko, lilunyukisiwe. Lilunyukisiwe ngokuthe rhoqo. Ibandla lilunyukisiwe. Kwaye, ngoku, ezi zinto azenzeki nje—nje ngethuba. Zizonke zinento ethile emva kwazo.

⁴⁷ Ngoku, uHezekiya, ekubeni egula, eneli thumba, kwakungenga thuba. UThixo wathumela u-Isaya phezulu phaya ukuze amxelele ukuba amise indlu yakhe ngolungelelwano ngokuba wayezakufa. Kwaye uHezekiya walila, waze waxelela uThixo, “Ndihambe phambi Kwakho ngentliziyo egqibeleleyo kwaye ndi—ndiyathandaza ukuba Uconge ubomi bam ngenxa yesizathu, isizathu esilungileyo, isizathu sikaThixo.”

UThixo waxelela umprofeti, wathi, “Buyela emva kwaye umxelele.”

⁴⁸ Ngoku ingaba akumangalisi oko? UHezekiya wayeyeyona ndonda inkulu elizweni. Yabona? UHezekiya wayengukumkani, kwaye eyindoda ehlonela uThixo. Wayeyindoda yokwenene, ukuba wayenokucenga loo nto phambi koThixo kwaye uThixo akazange amkhalimele ngenxa yayo, “Ndihambe phambi Kwakho ngentliziyo egqibeleleyo,” ngoku oko kuthetha lukhulu. Yabona?

⁴⁹ Kwaye uThixo akazange athi, “Hayi, Hezekiya, awuzange ukwenze oko,” kodwa Wavuma ukuba wakwenza oko. Kwaye Wathi, “Ndiya ku—Ndiya kuconga ubomi bakho ixesha elide kancinane.” Yabona? “Ndiya kukunika isicelo sakho,” yabona, ngenxa yokuba wayeyindoda elilungisa, wayewabangu—ngumkhonzi wokwenene kuKristu.

50 Kwaye ngoko siziva ukuba sinelungelo lokucela into ethile ukuba—ukuba injongo yethu ilungile, kunye nokuzimisela kwethu kuyo.

51 Ngoku, siyabona namhlanje ukuba kule minyaka mininzi idlulileyo, ndingathi kule minyaka ilishumi elinesihlanu idlulileyo, ukuya kwiminyaka engaphezulu, ukuba rhoqo kuyekwabakho isilumkiso esiphumayo ukunqumleza isizwe, “Guqukani, okanye nitshabalale!”

52 Uyaqaphela, bendithetha namhlanje kunkosikazi nje kwangoko ngale ntsasa, kwaye ndi...kwangoko kwisidlo sakusasa, besihleli etafileni sincokola ngaphambi kokuba ndihambe. Ndathi, “Nkosikazi...” Ubethetha malunga noBilly Graham, namalunga nenkosikazi yakhe, nje indlela eqhelekileyo nayo yonke into abazama ukuphila ngayo. Ndathi, “Lowo ngumkhonzi wokwenene xana engazami...xana yena... indoda mhlawumbi yenza izigidi ezibini okanye ezithathu ngonyaka kumaphulo ayo, kodwa ayiyankeli, isiseko sayo siyayithabatha, siyibuyisele emsebenzini nosasazo, na njalo njalo. Kwaye uBilly ufumana malunga namashumi amabini anesihlanu amawaka ngonyaka.”

53 Wathi, “Ingaba aganokuwachitha njani amashumi amabini anesihlanu amawaka ngonyaka?”

54 Ndathi, “U—uthabatha nje loo nto amelwe kukuba abenayo, kuphelele apho. Unekhaya ekufuneka ali hlawulele, nayo yonke into.” Ndaqhubela phambili, kwaye ndathi, “Ndinentlonipho ezininzi kuBilly Graham,” ndathi, “ngenxa yokuba unomyalezo, kwaye loo myalezo yingquko.”

55 Kwaye ngoko, ndiyanixelela, akukho mntu lowo endaziyo ngaye, lowo uselizweni namhlanje, lowo uThixo athe wamsebenzisa ngaloo myalezo njengoBilly Graham. Owu, unawo engqondweni yakhe ngokulula, kwaye umi nje phaya kwaye, ndithetha ukuba, ubizela abo bezopolitiko kunye namalungu ecape enguqukweni. Kodwa lowo ngumgama anokuwuhamba.

56 Kwaye naku kusiza uMzalwana u-Oral Roberts, omnye umkhonzi omkhulu weNkosi. Kwaye akukho mntu uphumayo phandle phaya kwaye athelekise no-Oral Roberts. Oko kubamba kwentsimbi eminxisayo esiphelweni sentambo nje—nje ukukhupha imimoya engendawo nokubiza iGama leNkosi kunye—kunye neemvakalelo ezincinci, na njalo njalo, malunga nempiliso eNgcwele. Oko kunjalo kanye. Kukho umthunywa ukuya kwiPentekoste.

57 Kukho umthunywa ukuya kwibandla lehlabathi lobuhlelo, yabona, nehlabathi elibandayo.

58 Kwaye ngoko khangela ngeenxa zonke kulungiselelo lwethu oluncinane oluthobekileyo, lumile “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade,” uyabona. Oko kwenza

ntoni? Kubiza elo qela loMtshakazi, uyabona. Yabona? Yabona i—ibiza ukusuka kuwo omabini loo maqela. Ithabatha iVili ukuphuma evilini. Niyabona ukuba ndithetha ukuthini na?

⁵⁹ Kwaye ngoko uThixo uyawuqinisekisa loo myalezo lowo uBilly Graham awushumayelayo. UThixo uphilisa abagulayo ngemithandazo ka-Oral Roberts. Kwaye uThixo uvelisa izinto ezo uYesu. . . uyangqina ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Kwaye ubiza ezo zinto ukuba. . . Yimiyalezo yeyure. Kwaye ngamnye waloo miyalezo uyabiza, “Guqukani, okanye nitshabalale!” Kunjalo oko. “Guqukani, okanye nitshabalale!” Akukho mathemba, wonke aphelele. Ihlabathi lilunyukisiwe ngoKuza Kwakhe. Ngamnye walo miyalezo uyathetha kwaye ulumkise ngokuBuya kweNkosi uYesu, kokubini kwibandla lobuhlelo. . .

⁶⁰ Khumbulani, uThixo uhlala ekwisithathu. NjengoYise, uNyana, noMoya oyiNgewele; kunye nokugwetyelwa, kunye nobhapti-. . . nongwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgewele; njalo njalo; Ukwisithathu.

⁶¹ Ngoku, uThixo unguloo myalezo wenguquko kwibandla lobuhlelo. UThixo kuloo myalezo wempiliso eNgewele kwibandla lamaPentekoste. UThixo kuMyalezo oya kuMtshakazi. Yabona? Ke sifumanisa ukuba bonke bayabiza, omnye *koku*, lo *kuleya*, nalowa *kuleya*. UThixo ebiza ibandla ukuphuma ehlabathini; e. . . ebiza ibandla kwinkonzo yobuhlelo ukuya kwiPentekoste; nokubiza uMtshakazi ukuphuma kwiPentekoste. Yabona?

⁶² NjengoLuther, uWesley, kwaye ngoku. Yabona, yonke nje izekeliswe ngokugqibeleleyo kwaye akukho mpazamo malunga nayo. Ndibethe ngeenxa zonke eziphelweni zayo, namacala ayo, nangaphakathi nangaphandle kwayo, kwaye ndiyibonisa ngeSibhalo, ukulandelelana kwayo, sade sayazi ukuba iyiNyaniso ngokupheleleyo. Yabona? Akukho mpazamo. NgeCawe ndiyathemba ukuba uThixo uya kuyitshonisa nzulu ukuba ningabinako ukumka nisuke kuyo. Yabona?

⁶³ Ngoku, uThixo enika isilumkiso, “Lungiselela umgwebo.” Iziqhushumbisi ze-athom zikwindawo zokuxhoma, yonke into imiswe ilungele. Kwaye uThixo, ngaphambi kokuba Avumele le nto ukuba yenzeke, Wenza ubizo ukhula njalo, njengokuba Wenzayo eSodom, “Phumani kuyo. Lungelani. Kukho into ethile eyakwenzeka.”

⁶⁴ Njengakwimihla kaNowa, ngaphambi kokuba uThixo athumele amanzi ukuba atshabalalise ihlabathi kwihlabathi elikhulu langaphambi konogumbe elo elangena esonweni, njengoko uYesu watshoyo ngokucacileyo ukuba yayingumhla nje ofanayo nalo. “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, ke kuyakuba njalo ekufikeni koNyana womntu.” Indlela leyo abafazi abaya kuba zindlobongela ngayo, kwaye—kwaye

besenda kwaye besendiselana, kunye—kunye nempumelelo enkulu yenzululwazi, kunye nabahlakaniphileyo abafundileyo besiya kumacala engqondo, kwaye uMhlambi omncinane othobekileyo uhleli kwicala elinye ulindele umgwebo olindileyo kunye nokusaba. Kwaye ngaphambi kokuba uThixo athumele loo mgwebo, Wathumela umprofeti. Um-hum.

⁶⁵ Kanye njengokuba Wenzayo kuHezekiya, Wathi, “Zilungiselele, ngokuba imigwebo sele ilungele ukuwa.”

⁶⁶ Kwaye wabenza abantu balungela elo xesha. UNowa wabenza abantu balungela, kwaye yayilubizo lwenceba ngaphambi komgwebo.

⁶⁷ INinive yenziwa ukuba yazi ngaphambi kwexesha labo. UThixo wakhangelela ezantsi eNinive, kwaye Wathi, “Ndi—Ndikruqukile kwaye ndidiniwe zezi zinto.” Ndi—Ndi—Ndiyayiqonda ukuba—ukuba i... nangona eloo likhulu, labahedeni, ihlabathi leeNtlanga... Isixeko sabo, njengokuba kwakunjalo ngaloo mihla, babebagweba ngokwesixeko; ngoku kungokwezizwe, ngoku emva kokuba abantu besasazeke ngendlela abenze ngayo. Wathi, “Eso sixeko sikhulu sinikelwe, ngokupheleleyo, kwisono.”

⁶⁸ Kwaye uThixo, ngaphambi kokuba Athumele umgwebo, Wathumela umyalezo olumkisayo, “Phumani kuyo! Lungisani!” Khangelela, umprofeti akazange athethe nto kodwa—kodwa ukufumana... Wathi, “Ngeentsuku ezingamashumi amane esi sixeko siyakutshatyalaliswa.”

⁶⁹ Kwaye, owu, indlela ngamanye amaxesha ekunzima ngayo ukwenza izinto ezilolo hlobo, ukuxelela abantu. Ukuba umprofeti uthe akakhangelela, uyakungena enkathazweni, ngokuba uya kuba luhlobo lokuya kwicala elinye, ezama ukwenza ukuba kube lula, okanye enzelele kancinci apha nakancinane kancinci phaya. Kodwa umprofeti wokwenene ufumana ulungelelwano oluvela kuThixo, akafanele enzelele kwanto, kufuneka ayibeke ngokupheleleyo kanye emgweni.

⁷⁰ Eso sisizathu sokuba Wasebenzisa umoya ka-Eliya kakhulu kangaka, yabona, ngokuba laa laa moya wasoloko usenza imimiselo Yakhe. Uyabona? Yabona, wazisa imimiselo Yakhe ngokuchanekileyo loo nto eyaYiyiyo, kwaye ngalo lonke ixesha “Buyelani eLizwini!” Yabona? USoloko ubabuyisela emva eLizwini.

⁷¹ Ngoku, siyifumana iNinive kwisono. Kwaye umprofeti wayethandabuza ngokuba yayihlabathi leeNtlanga, yabona, yayisisizwe seeNtlanga, abantu beeNtlanga; yayingengobakhe, yayingengomaHebhere. BabeziNtlanga. Inqanawa enkulu, izibuko lezorhwebo elo iNinive eyayililo, ishishini lokuloba elikhulu phaya, abantu babeloba. Kwaye—kwaye ba—babene... kumele ukuba babenelizwe elikhulu elinesono phaya. Imali eninzi; kwaye—kwaye apho kunemali eninzi khona, kwaye

abantu bakwimbono ethandwayo yomhla, isono sikhala singenelela, nogonyamelo.

⁷² UThixo wayediniwe yiyo. Ke Wayenomprofeti elizweni, ke Wathi kumprofeti Wakhe, “Yihla uye phaya eNinive kwaye umemeze, uze uthi, ‘Kwiintsuku ezingamashumi amane isixeko siya kutshatyalaliswa.’”

⁷³ Ngoku, uYona wacinga ngoku, “Uyazi, ndisenokungena kwinkathazo encinane.” Ngoko wayefuna ukuqiniseka ngakumbi, ke wacinga ukuba uyakuthabatha ikhefu elincinci kwaye—kwaye ehle aye eTarshishe. Kwaye sifumanisa ukuba i...kwakukho iintsuku ezingamashumi amane eziseleyo. Yabona?

⁷⁴ Ke uMyalezo ungxamisekile, ixesha likufuphi. Musa ukudlala ngezinye izinto kwaye ufumane isidanga sakho SobuGcisa kwaye ufumanise into ethile. Iyure ikufuphi! Yiloo nto eyingxaki ngabantu namhlanje, sizama ukwakha izikolo ezinkulu kwaye sibe nezinto ezinkulu ezilolo hlobo. Xana inceba...Bethu! Ukuba sishumayela ukuBuya kweNkosi, yintoni esiyisweleyo ngezikolo? Sidinga inguquko ngokubhekisele kuThixo! Yabona?

⁷⁵ Njengokuba uHudson Taylor watshoyo kwimishinari eselula, wathi...Okanye, inkwenkwe eselula yeTshayina eyeza kuye, wathi, “Mnu. Taylor,” wathi, “iNkosi uYesu indizalise ngoMoya waYo.” Yathi, “Ndo—ndonwabe kakhulu!” Yathi, “Ndingathabatha iminyaka elishumi ngoku kwaye ndifumane izidanga zam na njalo njalo?”

⁷⁶ Wathi, “Nyana, musa ukulinda izidanga. Ukuba ikhandlela lilayitiwe, hamba uyoYixela! Hamba uyoYixela. Musa ukulinda izidanga. Hayi. Uyakube sele utshile isiqingatha ngaphambi kokuba ugqibe, ngezidanga zakho.”

⁷⁷ Makhe, xana lilayitiwe, ukuba awazi nto yimbi, chaza nje indlela elilayitwe ngayo. Kwaye nje—nje musa ukuzama ukuthabatha indawo yomnye umntu, okanye indawo ethile. Xana uyazi lonto, xela nje into oyaziyo ukuba iyiNyaniso, “Le yindlela eze ngaYo kum, kwaye le yindlela endaziva ngayo malunga naYo.” Leyo...Ukuba awazi ngaphezu koko, yitsho ukuba! Makhe sihambe! UMyalezo ungxamisekile, ixesha likufuphi.

⁷⁸ Ngoku, kuthekeni ukuba u-Isaya uthi, “Ke, ngoku ndiya kulinda ndibone ukuba uqhuba njani na ngeloo thumba, kuqala, uyabona. Bona indlela—indlela oko...?”

⁷⁹ Yabona, uThixo wamxelela, “Nyuka uye phaya kwaye umxelele, kanye ngoku!” Yabona?

Kwaye Waxelela uYona ukuba ahambe. Owu, bethu!

⁸⁰ Kwaye xana wafikayo phandle phaya kolwa lwandle kwaye nakolo lwandle lunzulu, kwaye—kwaye inqanawa yamisa

kuqhwithela, kwaye babeyiphakamisele phezulu iseyile baze ngoko bajikeleza kwaye bajikeleza, bamangaliswa ukuba yayiyintoni na ingxaki yehlabathi phandle phaya. Kodwa babengakwazi ukuyiqonda, kwakhangeleka ngokungathi into ibanamanzi. Kwaye—kwaye wonke umntu ebiza uthixo wakhe, kwaye into yokuqala uyazi. . . UYona wayesekhefini lakhe, ke wacinga ukuba angakhe alale, kwaye umelwe kukuba wehla waya kudonga lokwaluhla kwinqanawa, kwaye walala phezulu phaya ngeenyawo zakhe zibambelele phezulu, elele. Kwaye wathi, “Vuka, Owu vilandini, ubize kuThixo wakho!” Kwaye uYona wayesazi ukuba yintoni eyayingalunganga.

Ke wonke umntu uyazi ukuba yintoni engalunganga namhlanje! Yabona?

⁸¹ Kwaye wathi, “Yimpazamo yam yonke. Ndithabatheni kwaye nibophe izandla zam, nize nindiphose ngaphandle elwandle, kwaye ngoko le nkathazo iyakuniyeka.” Kwaye babeluhlobo lwamanene njengegquba labafu kwaye babengafuni ukuyenza loo nto, kodwa bafumanisa ukuba wayengumprofeti kwaye eyazi into awayethetha malunga nayo. Wathi, “Nda—ndacinga ukuba ndiya kuthabatha ikhefu lam kuqala, kodwa—kodwa iNkosi ayifuni ukuba ndithabathe eli khefu. Ndimelwe kukwehlela ezantsi phaya, ndinomsebenzi ekufuneka ndiwenze. Ndiyendacinga ukuba ndiya kuphumla kancinane ngaphambi kokuba ndihambe, kodwa ndimelwe kukuba ndihambe. U—umyalezo ungxamisekile, kufuneka ndifike phaya.”

⁸² Ndiyayicinga, xana laa ntlanzi ithile ilungisiweyo yamhliselayo uYona esiswini sayo, yagqiba malunga nobuso yaza yaphosa amanzi kulo lonke ilizwe, yasuka yathabathela eNinive kalukhuni kangangoko yayinokuhamba ngako. UThixo wayethabatha loo myalezo ngaphaya ngaloo ntlanzi ithile ilungisiweyo. Kwaye yathabathela eNinive nje kalukhuni kangangoko yayinokuhamba, ngokuba wa—wayeno mthunywa owayemgama kwaye wayemelwe kukuba amfikise ngaphaya. Wathabatha inqanawa ephosakeleyo, kodwa uThixo wayesele ebonelele ngenqanawa ngenxa yakhe.

⁸³ Ke, niyazi, uThixo unako ukwenza izinto ezinkulu ukuba nje siyakumphulaphula Yena. Yabona? U—Uyakwenza—Uya kwenza iindlela apho kungekho ndlela. Uyi Ndlela. Yabona? Kwaye xana uMyalezo ungxamiseke ngokupheleleyo, njengokuba Unjalo namhlanje, uThixo ubonelela ngendlela.

⁸⁴ Siyaqaphela kwakhona xana u-Amos. . . ndashumayela ngalo mfo, u-Amos. Ukuba ungathanda ukufunda ibali ngelinye ixesha, kuhle, funda ibali lika-Amosi, isahluko sokuqala sika-Amosi. Ulolunye lohlobo lwe—lwezilumkiso ngaphambi kokuba umgwebu ubethe isono. Ngoku, isixeko eso awayeya kulumkisa nxamnye naso, ngaphaya, yayiligquba lamaYuda lawo—lawo

onke afumana uhlobo lokuphuma kumgca obethiweyo kwaye baba liziko elikhulu labakhenkethi. Kwaye—kwaye ndiyacinga, njengokuba ndanika umzekeliso ngaloo ntsasa, ndithetha ngaye, ukuba, xana intloko yakhe inenkqayi inyukela phezu kwenduli kwaye amehlo akhe amancinane amadala ewacuthile njengokuba ekhangele ezantsi kwaye wabona isono seso sizwe sikhulu nabantu, indevu yakhe emhlophe njengokuba esiqwalasela ngolo hlobo. Bethu, enjani yona into! Kodwa akukho mntu waziyo apho avela khona.

⁸⁵ Akukho mntu ubaziyo abo baprofeti, basuka nje bavuke ndaweni ithile kwaye bahambe ngendlela efanayo.

⁸⁶ Kodwa waya wangena esixekweni ngo “ITSHO INKOSI! Guqukani, okanye nitshabalale! Kuba uThixo uya kusitshabalalisa esi sizwe. Uya—Uya kuyisusa le ndawo emhlabeni. Nenze isivumelwano notshaba lwenu. Kwaye nise—niseluxolweni, nicinga, notshaba lwenu, kodwa ngalo lonke ixesha ama-Asiriya a—ayakha ngaphandle phaya. Aninako ukuhamba ababini kunye ngaphandle kokuba niyavumelana. Kuphelele apho.” Ke Wathi. . .

⁸⁷ Kwaye uThixo ufuna ukuba sizahlule. Usifuna “siphume ehlabathini,” singazami ukuphila nehlabathi noThixo ngokunjalo, singazami ukuzimilisele ngokwehlabathi nokulandela uThixo. Umelwe kukuba uphilele Omnye okanye omnye, umelwe kukukholwa koMnye okanye omnye.

⁸⁸ Kwaye ngoku sifumanisa ukuba, lo Amosi, ngokuqinisekileyo wawuxela kwangaphambili umgwebo phezu kwaba bantu ngaphandle kokuba baguquke. (Kwaye—kwaye, bethu, ke—ke ke kuyafana kakuhle nosuku lwethu.) Ndinga ukuba esi sixeko sikhulu, njengokuba ekhangele emva ngoku kwakhona, isixeko esikhulu ezantsi phaya, indlela leyo oko konke kwanikelwa, kwaye—kwaye noqoqosho olukhulu ababenalo kuyo yonke into, benempumelelo. Kwaye babecinga ukuba babekwintando yeNkosi nje ngokuchanekileyo, ngokuba babephumelela. Kodwa bafumanisa ukuba uThixo akasoloko engumsunguli wempumelelo. Hayi, uThixo. . . Ngamanye amaxesha, xana impumelelo ibetha, ibandla ngokwesiqhelo liyemka lisuke kuYe.

⁸⁹ Uyazi, uThixo wathetha ngoSirayeli ngaxesha lithile, wathi, “Ndakufumana unegazi endle, kwaye ndakuhlamba ndaze ndakuzisa ngaphakathi,” ukuba abe ngumntwana OngoWakhe. “Kwaye ngoko xana wathi waba mkhulu, waze waba ngumfazi omhle oselula, wadlala indima yehenyukazi.” Wathi, “Wa—wa—wazinikela kuye wonke umntu odlula ngendlela.” Yabona? “Kodwa xana wawulihlwempu kwaye uswele, xana—xana naniswele, naNdikhonza. Kodwa xana ndanisikelelayo ndaninika kakhulu, ngoko nemka nasuka kuM.” Kwaye yona nje imalunga nokungqinwa loo ndlela. Owu, bethu!

⁹⁰ Ngoku, sifumanisa ukuba lo mprofeti ngokwenene wabetha ukwehla kweso sizwe, lo Amosi. Wayeyinkwenkwe nje yekhuba. Kodwa sifumanisa ukuba xana akwenza oko, wabetha phantsi wabaxelela ukuba kuyakuba yintoni na, kwaye wabaxelela ukuba abayikulungelana noThixo ukuba utshaba olo ababeluthabathele kubambiswano laliya kuba lelona olo luyakubatsshalalisa.

⁹¹ Ngoku sifumanisa ukuba iMelika yethu enekratshi ayizukuyibaleka ingqumbo kaThixo. Njengokuba ndathetha ngenye imini okoko ndilapha, ndiqinisekile ukuba bekulapha, kwayo yonke into ekugqibeleni. Uyazi, andi—andi—andi nto yakwakhela kuyo. Awunako ukwakhela kwezopolitiko, ziphelile. A—awunako ukwakha kubomi bokuhlala, ngokuba buthotyiwe. Akukho—akukho—akukho nto leyo unokwakhela kuyo phaya. Kwaye awunako ukubeka amathemba nakwintoni na.

“Kuthini malunga nebandla?”

⁹² Ke, akukho nto unokuyenza ngebandla, lisesikweni kwaye liphelile, akukho nto iseleyo. Bathengise ngobuzibulo babo ngenxa yokutya okonakalayo, kwaye balindele nje umgwebo. UMoya oyiNgewele usinqumle esi sizwe, ebonisa imiqondiso Yakhe nezimanga, kwaye baqhubeleka belucekisa ubabalo Lwakhe. UyaZingqinela kwaye engqina, ngokungqinela Kwakhe okukhulu, ukuba UliLizwi likaThixo libonakalalisiwe kulo mhla. Kwaye baSalala. Yabona? Akukho nto iseleyo ngoku. Awunakusoloko ukwenza oko kuThixo. Yabona?

⁹³ Kunjalo oko, sifumanisa ukuba, okokuqala, Uthumela abaprofeti Bakhe benesilumkiso. Akayitshintshi indlela Yakhe, indlela Yakhe yokwenza izinto.

⁹⁴ Akasoloko ebetha xana Elumkisa. Ndifuna ukuba ukhangele esi sicutshulwa. UThixo unika isilumkiso kodwa Akasoloko ebetha kwangeloxesha Alumkisa ngalo. Ingaba ubukewayiqaphela loo nto? Kwaye ngoko xana Engabethi xana Ethumela isilumkiso, ngoko umprofeti uya gculelwa, “UbungenaYo. Uthethe ubuxoki. U—ubungalunganga.”

⁹⁵ Oko, kusenokuba yinto enye eyathethwayo ku—ku—Isaya leyo. Yintoni ocinga ukuba laa ndoda yayicinga xana yenyukayo isiya phezulu phaya yaze yaprofeta ukumkani ukuba waye “zakufa,” ngoko yabuya yehla yaze yathi, “Hayi, uya kuphila?”

⁹⁶ Kuthini malunga ngoYona ehamba ezitalatweni, esithi, “Owu, esi sixeko siya kutshatyalaliswa kwiintsuku ezininzi, iintsuku ezingamashumi amane,” kwaye ngoko uThixo akazange akwenze oko?

⁹⁷ Yabona, kufuneka ukuba ukhangele, uThixo akasoloko ebetha xana Elumkisa. Kodwa Yena...Kukho into enye, ngoko umprofeti uyagculelwa. Kodwa ukuba ungumprofeti ongqinelweyo ngeLizwi leNkosi, yabona, Imiqondiso

kaThixo, engqinelweyo, njengokuba uThixo wathi umprofeti uyakungqinelwa (loo madoda ayenjalo), yabona, ILizwi lakhe asililo elakhe, kodwa LelikaThixo, kwaye liYakwenzeka. Limelwe kukuba lenzeke ukuba LiLizwi likaThixo. Inye kuphela into enoKulimisa, leyo yinguquko ekhawulezileyo.

⁹⁸ Qaphela, u-Amos, wa—waphila ukuze asibone isiprofeto sakhe. Kodwa xana u-Amos wayethetha ngeso sixeko, indlela eyayiyakwenzeka ngayo, indlela uThixo awayeza kuwabangela ngayo ama-Syria ukuba angene ngaphakathi kwaye abathabathe, na njalo njalo ngolo hlobo, nendlela ukonakala kwabo okuya kubadla ngayo, ngokuba, ndiyakholwa ukuba kulungile, ngoku, ndikhangele phantsi apha phezu kweSibhalo, kwaye ukuba oku ndikufumene kubalwe kakuhle, kumalunga neminyaka engamashumi amahlanu emva kokuprofeta kuka-Amosi. Kwaye, ngoku, ucinga ntoni? Kwadlula sonke isizukulwana ngaphambi kokuba isiprofeto sika-Amosi senzeke. Kodwa ukuba uyakufunda ngapha, iyakuxelela, kwaye yenzeka nje ngokuchanekileyo ilizwi ngelizwi loo nto ayithethileyo. Yabona?

⁹⁹ UYohane wabona iNcwadi yeSityhilelo. Ayizange yenzeke ngosuku lwakhe. Kodwa siyayibona isenzeka nje ngokuchanekileyo. Yabona?

¹⁰⁰ UDaniyeli waprofeta ngomhla, ngomhla wakhe nako konke ukuhla. Akazange aphile ukuba akubone oko. Wathi, “Hamba indlela yakho, Daniyeli. Vala incwadi—incwadi, kwaye—kwaye vala incwadi. Kwaye uya kulala kwiqashiso lakho, kodwa ngaloo mhla uya kuma.” Yabona?

¹⁰¹ Ngoku, uyabona, i...awusoloko...uThixo...uyabetha nje kwamisnyane Akuba eprofetile. Isiprofeto sika-Amos, njengoko benditshilo, sasikumashumi amahlanu eminyaka kamva, senzeke. Kodwa senzeke sona!

¹⁰² Kwaye ngoko umprofeti ungu—ungu...weBhayibhile... Wokwenene, umprofeti wokwenene ungumntu okhethekileyo. Hayi “okhethekileyo,” ngokuba nakuphi ukwahluka kuye nawuphi na omnye umntu, kodwa unomsebenzi okhethekileyo. Yabona? Kwaye, ekubeni nomyalelo okhethekileyo, umelwe kukuba abe ngokhethekileyo (aphume kancinane endleleni kunabanye) ukuze akwenze oko.

Kunjengokuba uThixo ufanise *abaprofeti* Bakhe ukuba balu “khozi.”

¹⁰³ Ngoku, ukhozi yintaka ekhethekileyo. Luyintaka nje, kodwa luyintaka ekhethekileyo. Kwaye lunokubhabha ngaphezu kwezinye iintaka. Lunokubona kude kunezinye iintaka. Kwaye, ngoku, ukuze luye phezulu, lumelwe kukuba lwakhiwe kanjalo ukuze lubenokuya phezulu. Kwaye kwakuya kulunceda ngantoni ukuya phezulu phaya ngaphandle kokuba lwalunokuyibona into oluyenzayo emva kokuba lufike phezulu

phaya? Yabona? Ke kufuneka ukuba lube yintaka eyakhiwe ngokukhethekileyo. Yabona? Luluhlobo oluthile ku—kusapho lukakhetshe, lungu “mkrazuli onomlomo.” Kwaye ludla i... uninzi lwazo ngabaphipi. Kukho malunga namashumi amane eentlobo ezahlukeneyo zamakhozi.

¹⁰⁴ Kodwa, uyabona, ebandleni kukho umalusi, kwaye loo malusi ungumntu okhethekileyo. Wakhiwe apho anako u—unako ukunyamezela ukuxambulisana kwabantu. U—u—ungumthwali wemithwalo, uyinkabi yesipani. U—uyindoda enokuhlala phantsi xana u...umntu enento ethile nxamnye nomnye umntu, kwaye ahlale phantsi kunye nezo ntsapho zombini (kwaye angathabathi nalinye icala) kwaye ayiqiqe kwaye ayibuyise ebumnadini. Yabona? U—ungumalusi, uyayazi indlela yokukhathalela izinto.

¹⁰⁵ Umvangeli yindoda ekhethekileyo. Uyindoda leyo ivutha njengebhola yomlilo. Ubalekela esixekweni kwaye ashumayeke umyalezo wakhe, emva koko aphumele phandle phaya ndaweni ithile. Yabona, uyindoda ekhethekileyo.

¹⁰⁶ Utitshala yindoda ekhethekileyo. Uhlala emva phantsi kwentambiso yoMoya kwaye abe nako ukuthabatha aMazwi nokuwahlanganisa kunye ngoMoya oyiNgcwele, ukuba, umalusi okanye umvangeli, nokuba nguwuphi na, akanakuthelekiswa naye.

¹⁰⁷ Kwaye ngoko, sifumanisa ukuba, umpostile uyindoda ekhethekileyo. Ungu—ungu “mmisi wolungelelwano.” Uyindoda ethunyelwe ivela kuThixo ukuze imise izinto ngolungelelwano.

¹⁰⁸ Umprofeti uyindoda ekhethekileyo. Umprofeti uyindoda leyo eliza kuyo iLizwi leNkosi, ngokuba umprofeti uyilwe ngohlobo lokuba (ubomi) okokuba ingqondo yakhe yangaphantsi kunye nengqondo yakhe yokuqala kusondelene kakhulu kangangokuba akalali ukuze aphuphe iphupha lakhe, uyalibona xana evukile ehleli. Yabona? Ngoku, oko yinto ethile uThixo amelwe kukuyenza. Yabona, uyayibona loo nto yenzekayo.

¹⁰⁹ Umprofeti ubona kwangaphambili kude, yabona, izinto ezo ezizayo. Ubona indebe yengqumbo kaThixo, izele, ngaphambi kokuba izaliswe. Unokuthi, “ITSHO INKOSI! UThixo uya kusitshabalalisa esi sixeko ngaphandle kokuba niguquke.” Ngokuba? Ulukhozi. Ukhwela kude ngaphaya. Yabona? Kwaye ukhangela kude phaya kwaye abone loo ndebe yengqumbo ithululwa. Yiloo nto umprofeti akhangele kuyo. Akakhangele loo nto iqhubekayo apha, ukhangele ngaphaya! Uthi, “Iyeza!” Unokuya phezulu kakhulu ade abenokubona loo mthunzi. Wathi, “Ithabathi liya kuba mnyama—ubumnyama kunye nesithokothoko sobumnyama.” Uphezulu phezulu ngokwaneleyo, ilanga liyakhanya ngoku, kodwa ubona elaa thunzi lisiza, kwaye u—u—uthetha loo nto akhangele kuyo.

Ayikabikho apha okwangoku, kodwa ngokuqinisekileyo iyakuba lapha! Kunjalo oko. Iyakuba lapha, isithokothoko sobumnyama phezu kwabantu. Uyazi ukuba iyeza, iminyaka ekude, nangoko uyayibona.

¹¹⁰ U-Amos, laa mprofeti uthanjisiweyo kaThixo, wabona u-ubumnyama kunye nomgwebo. Wabona iSiriya isihla neenqwelo zayo zokulwa kwaye yatshayela ukunqumla phaya, yababulala abo bantu. Wayibona isiza nomgwebo kaThixo phezu kwabo, ngoku, kumashumi amahlanu eminyaka ngaphambi kokuba yenzeke. Kodwa, uyabona, ekubeni engumprofeti, waphakanyiselwa kuMoya kwaye wayibona isekude. Yabona? Wayibona indebe, izele, ngaphambi kokuba izaliswe.

¹¹¹ Njengo-Abraham. UThixo waxelela u-Abraham, “Imbewu yakho iya kuza kweli lizwe kwaye iphambukele apha iminyaka emakhulu mane, kwaye ndiyakubakhupha ngesandla esithe nkqi, ngenxa yokuba ubugwenxa bama-Amori okwangoku abukazaliseki.” Yabona? UThixo wayesazi ukuba laa ndebe yayiya kuzala. Wayethetha nomprofeti Wakhe, Wamxelela ngoku, “Uyayibona laa ndebe yama-Amori ezantsi phaya,” yabona, “kodwa ubugwenxa babo abukazaliseki okwangoku, u-Abraham. Musa ukuthetha nto malunga nayo ngoku, yiyeke, kodwa iya kuza. Kwaye xana indebe yabo izaliswe, nalo minyaka emakhulu mane, Ndiyakubaqhubela ngaphandle njengeenkumbi phambi kwakho, kwaye ndiyakuyizimasa imbewu yakho apha kweli lizwe.” Amen! Lowo ngumprofeti weNkosi.

¹¹² Ngoku, xana ethetha ngombono wakhe, nokuba yingqumbo okanye nokuba yimpiliso, ingazilazila, kodwa imelwe kukwenzeka ukuba uyithetha eGameni leNkosi. Yabona? Kusenokuba yintsikelelo leyo ayithetha ngenxa yakho. Usenokukuxelela into ethile, kwaye ungabinako ukuyibona kwaphela. Uthi, “Inokwenzeka njani lonto? Ngokuba, yi...ndi—ndi—ndi...Wandixelela, ‘ITSHO INKOSI, “Oku kuya kwenzeka, kunye nokuya bekuya kwenzeka,” kwaye akwenzekanga. Indoda ayilunganga!” Ngoku uyakugwetywa ngenxa yokungakukholwa, kodwa iyakwenzeka nakanjani na! Yabona? Imelwe kukwenzeka!

¹¹³ “Nangona izilazila,” IBhayibhile yathi, “nangoko iya kuthetha ngexesha layo.” Iya kwenzeka.

¹¹⁴ Umprofeti ukhangele kuphela kwaye ubona into ethile. Uthetha malunga naloo nto ayikhangeleyo. Akacingi malunga nalapha kunye naloo nto ukhangeleka uyiyo ngoku, ukhangele loo nto iyakuba yiyo. Kwaye xana ethetha oko, ukuba iseLizwini leNkosi, sele ithethiwe kwaye akukho nto ehlabathini inokuyinqanda lonto (uyabona, kunjalo oko,) kuphela nguThixo ngoKwakhe.

¹¹⁵ Qaphela, ngoku sifumana ukuba xana...E—ethetha umbono wakhe, umprofeti uyakwenza oko. Ngoku, ngamanye amaxesha uthetha izinto ezilungileyo, uthetha ngempiliso yakho. Kulungile, usenokucinga, “Ayinako nje ukwenzeka, andinabo nabuphi na ubungcono.” Ngoko yintoni okuyenzayo oko? Oko nje kuzisa imigwebo kaThixo phezu kwakho. Kunjalo oko. Yabona? UYesu wathembisa ukukusindisa ukuba uyakuLikholelwa; ukuba akuLikhola, akusayi—akusayi kwenzeka kuwe. Umelwe kukuba uLamkele, umelwe kukuLikhola. Yabona? Kwaye ufanele wazi ukuba Livela phi na, oko kunika ukholo lwakho kuThixo, okanye umprofeti wakho. Yabona? Umelwe kukuLikhola.

¹¹⁶ Kwaye ngoku sifumanisa apha, ukuba aba baprofeti abo bathethayo, ba—bathetha kwaye loo nto ababeyithethile yenzeka. Kwaye ukuba ingqumbo kaThixo ithululelwe phezu kwabantu, kukho into enye kuphela... Ukuba loo mprofeti uthi into ethile eyenye yayiya kwenzeka, kukho into enye kuphela eyakusimisa isandla sikaThixo, leyo yinguquko. Leyo yinguquko ngokubhekisele kuThixo, leyo imisa ingqumbo Yakhe. Ngoku, musa ukuyilinda, yenze ngoko! UThixo uthetha nantoni na, uyenza kanye ngoko.

¹¹⁷ UHezekiya, ngokukhawuleza nje wakuba esazi... Wayeyindoda elungileyo, kodwa uThixo wathi, “Ixesha lakho lifikile, Hezekiya, kwaye Ndi—Ndimelwe ukukuthabatha. Ndi—Ndifuna uku, ndiya kukuthabatha. Beka yonke indlu yakho ngolungelelwano.”

¹¹⁸ Kwaye wa—wa—wathi, “Kuyakundithabatha iminyaka elishumi elinesihlanu ukwenza oko, Nkosi.” Yabona? “Ngoku, nguWe... ndi—ndi—ndiyazi ukuba ndiyahamba, kodwa kuyakundithabatha iminyaka elishumi elinesihlanu ukubeka indlu yam ngolungelelwano. Andinako ukukwenza oko kanye ngoku. A—andinako ixesha lokwenza oko. Andi—andi—andinako ukuyenza lonto. Nkosi, ndivumele ndiphile eminye iminyaka elishumi elinesihlanu ukuze ndiyenze le nto. Andinako ukubeka indlu yam... ”

Yabona, umyalelo kaThixo yayikukuba, “Beka indlu yakho ngolungelelwano!”

¹¹⁹ Kwaye uHezekiya wathi, “Andinako ukuyenza kulo nyaka, iyakundithabatha ixesha. Ndiyakuthatha *oku* ndibuyise, kwaye ndeze *oku* phezulu kwaye ndikuthabathele ngaphaya kumfo apha, iyakundithabatha iminyaka elishumi elinesihlanu ukuyenza lonto. Nje ndiconge ukuba ndikwenze oko. Ndivumele... ndivumele... ndinike ixesha elincinane ukwenza oko.” Yabona?

¹²⁰ Ngoko uThixo wathi, “Ndiya—Ndiya—Ndiya—Ndiya kuba nobubele.” Kodwa kwafuneka ukuba afe nakanjani na, uyabona.

¹²¹ Kwaye kwakhona, wathabatha ixesha lakhe, wakreqa ngelo xesha. Yabona? Kwaye wayeya—wayeya kuba ngcono ukuba wayehambe ngaphandle kokuba ayimise ngolungelelwano. Kunjalo oko. Kodwa Wamnika iminyaka elishumi elinesihlanu ubude ukuze ayibeke indlu yakhe ngolungelelwano. Ngokuba, ngokukhawuleza, yintoni awayenzayo? Wathi, “Nkosi, ndiyacotha. Ndinga iminyaka elishumi elinesihlanu ukwenza oku. Undiyalele ukuba ndibeke indlu yam kulungelelwano. Andinako ukuyenza ishumi elinesihlanu leminyaka ngokuba ndinemali mboleko apha, kwaye ndinoku ngapha, kwaye ndinoku ngapha ukuba ndikwenze.”

¹²² Ngoku, wayeyindoda enobuthixo, kwaye iLizwi likaThixo limelwe kukwenzeka nakanjani na. Liyakwenzeka nakanjani na, kodwa WaLihlalisa nje okwethuba elincinane, yabona, waLiyekela kuye. Ngoko wenza isono ngalo elo xesha. Wathi, “Andiyi kuyenza ifike phezu kwakhe, kodwa ndiya kuyivelela phezu kubantwana bakhe emva kwakhe.” Niyalazi ibali.

¹²³ Ngoku, sifumanisa ukuba inguquko ekhawulezileyo ngamanye amaxesha iyayibamba ingqumbo okwethutyana.

¹²⁴ Ngoku, sifumanisa ukuba iNinive . . . UThixo wathi, “Yihla uye phaya uze umemeze kweso sixeko ngoku, kwaye ubaxelele, ‘Ukuba . . . kwiintsuku ezingamashumi amane into iya kuwa.’” Kwaye, bethu, ingaba bakhe baguquka! Nje kwangoko bakubona loo mprofeti esiza esitalatweni, esithi, “ITSHO INKOSI, ‘Indawo iya kuwa kwiintsuku ezingamashumi amane! Indawo iya kuwa!’” I . . .

¹²⁵ Nkqu nokumkani wayalela u—u—ukuzila ukunqumleza ilizwe, nesijwili, “Ninxibe ezirhwexayo, nibeke uthuthu! Hayi phezu kwentloko yenu naphezu komzimba wenu naphezu kwenyama yenu, kodwa phezu kweenkomo zenu, naphezu kwamarhamncwa enu asendle, bekani uthuthu nezirhwexayo.” Enjani yona inguquko!

¹²⁶ Ngoku, xana sifumanisayo phaya, siya qaphela, ukuba umprofeti akakhangele ngokukhawuleza ngokwenene, yabona, afumane iingqondo zakhe kunye aze aye kuThixo, uyakufumanisa into ethile kanye phaya, ukuba awukhangeli . . .

¹²⁷ Ngoku khangela ku-Isaya, wathetha nje isiprofeto sakhe, wabuyela kwindlu yakhe encinane yasentlango. Kwaye, xana wenzayo, iNkosi ayizange iphinde ithethe kukumkani lowo wayethandaza. Unendlela yokwenza izinto. Kwakukho umprofeti elizweni. ILizwi leNkosi liza kumprofeti waYo. Waphumela phandle phaya waze wathi, “Isaya, buyela umva uze umxelele ukuba ndiwuvile umthandazo wakhe. Ndiye ndakuqonda oko ukuba . . . ukuba ucinga ukuba kuya kumthatha iminyaka elishumi elinesihlanu ukwenza oku. Ndzibonile iinyembezi zakhe ngokuba ebefuna ukuwenza umsebenzi ngolona hlobo. Lonto iyakumthabatha iminyaka

elishumi elinesihlanu, watsho, ukwenza oko. Hamba umxelele ukuba ndiya kumvumela ayifumane, ngoko.” Yabona?

¹²⁸ Ngokuba? Wayalela—Wayalela u-Isaya ukuba aye kumxelela, “ITSHO INKOSI!” Ngoko ukuba kukho naluphi na utshintsho kuloo nto, okanye ukuzilazila . . . Kuya kwenzeka nakanjani; wa—wafa nje ngokufanayo. Kodwa wathi . . . Ukuba kukho nantoni na kuloo nto, ngoko Ubophelelekile ukuba abuyele kwindoda leyo Ayithumayo ITSHO INKOSI kuyo. Waxelela u-Isaya, “Buyela umva phandle phaya uze umxelele.”

¹²⁹ Ngoku, uYona wathabatha isimo esahlukileyo, wenyukela encotsheni yenduli waze wathi, “Ke, bekuya kuba kuhle ukuba andizange ndizalwe.” Kwaye, owu, indlela awaqhubeleka phambili ngayo! Kwaye uThixo wayenomhlavuthwa omncinane ukuba unyuke uze umenzele umthunzi wade waphola phezulu phaya. Kodwa wathi, “Ngoku, apha, ndehla ndaya ezantsi phaya, kwaye bayakuthi ndingumprofeti wobuxoki.”

¹³⁰ Kwaye uThixo wathetha kuye, wathi, “Khangela esa sixeko ezantsi ezantsi phaya! Khangela phaya, Yona, ukuba sonke isixeko siyaguquka ngezirhwexayo nothuthu.”

¹³¹ Kwaye ngoko Wamxelela malunga nomhlavuthwa omncinane nombungu lowo uwugawulileyo. Ngenye imini, iNkosi ithandile, ndifuna ukuza eMnqubeni ndithabathe uthotho nje olungoYona. Owu, zininzi ezinkulu kakhulu . . . laa moya wasempuma obhudlayo, nako konke. Owu, bethu! Kukho izinto ezininzi kakhulu phaya, zona nje . . . ziyonwabisa. Ezo zinto zibalulekileyo ziphaya, zizonke zizekelisa kanye ngaphakathi, ziyalingana. Izisa nkqu uYesu Kristu kuyo, nayo yonke enye into. Kakade, wonke umgca eBhayibhileni uzisa uYesu Kristu. Ewe, mhlekazi. Eso sisifundo sethu sangeCawe, ngoko siyakufumana oko, iNkosi ithandile.

¹³² Kwaye qaphela, kukho izinto ezo wena . . . Ukuba unyanisekile kwaye uxelele uThixo . . . Ngoku, kufuneka ukhangele.

¹³³ Ngoku ndifuna ukunibonisa omnye uYona eqongeni ngokuhlwanje.

¹³⁴ Ngobunye ubusuku kwabakho abantu abo abezayo apha. Inenekazi lisenokuba (abanye babantu babo) apha ngokuhlwanje, ke andingekhe ndibize igama, mhlawumbi ningabazi ukuba ngobani. Kodwa babesiza apha, iguba labantu abalungileyo abavela ezantsi eKentucky, kwaye ba—babesiza apha iminyaka. Kodwa abantu, bengabantu abalungileyo, abahlobo bam abalungileyo. Bethu, babe—babengabahlobo bam bokwenene, kodwa bona . . . Nje abanye bolo hlobo lwabantu abo xana imvuselelo yayiqhubeka ukuya phambili babe nokuza enkonzweni; xana imvuselelo iphelile, kwaye umthwalo utsala, akukho mntu owayeya kutsala. Kwaye bonke abantwana

babelapha kwincwadi yamagama wabantwana basebandleni, babene . . . xana sineeklasi zethu nezinto.

¹³⁵ Kwaye ngenye imini ndeza ekhaya, malunga neminyaka emine eyadlulayo, okanye emihlanu, into ethile elolo hlobo. Kwaye le ntombazana eselula, (eyayineminyaka emalunga nesibhozo ubudala xana yayikwincwadi yabantwana basebandleni), wayesele etshatile kwaye enabantwana ababini. Kwaye wayelele ngaphandle esibhedlele ngaphandle apha, ekwinqanaba lokufa. Wayemalunga neenyanga ezine, ezintlanu, nosana; kwaye usana lwalufile, kwaye babengenako ukumtyanda kuba wayenomchamo egazini. Kwaye babengenakumtyanda, ke kwafuneka ukuba bayeke umama afe, naye. Bengenako ukutyanda, kwaye, yabona, usana beluya kumbulala ngolo hlobo, ke babene . . . wayesifa nje, kuphelele apho, kwakungekho thuba kuye.

¹³⁶ Ndaphuma ukuya kumbona, waye thumele kum. Kwaye ndaya esibhedlele, kwaye phaya wayephantsi kwentente ye-oxygen. Ndaphakamisa iphiko elincinci, ndathetha naye kancinci, kwaye ndathi, “Uyandikhumbula?”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo, Mzalwana uBill, ndiyakukhumbula.”

¹³⁷ Ndathi, “Injani na i . . . Uyayiqonda indlela ogula ngayo?”

Wathi, “Ndiyayiqonda.” Wathi, “Yiyo loo nto ndithumele kuwe.”

Ndathi, “Ke, ngokuba, kunjani kuwe kunye neNkosi?”

Wathi, “Mzalwana uBill, ndi—ndiye . . . a—andikulungelanga ukuhamba.”

¹³⁸ Ke, phaya saya phantsi kwaye sathandaza, kunye nomama wakhe nomyeni wakhe, noninzi lwabo egumbini, kwaye umama wakhe nomyeni wakhe baqalisa ukulila. Kwaye—kwaye ngoko nda—ndambuza, waza walungisa noThixo (wahlawula izibhambathiso zakhe waza wabuya wenzela uThixo isithembiso; kwaye ukuba uya kuxolelwa; indlela le awayeMthanda ngayo; waza waxolisa ngenxa yezono zakhe, indlela athe waphila ngayo), kwaye waqhubela phambili nenguquko yakhe nokulila. Kwaye emva kwethuba ndaphakama kwaye ndaphuma kwisakhiwo.

¹³⁹ Kwaye nge—ngentsasa elandelayo banditsalela umnxeba, ukuba ndibuyele phandle phaya. Kwaye, ndaza ndafumanisa, beza ngaloo ntsasa ukuza kuvavanya nokubona ukuba injani na i—imeko yomchamo osegazini iqhubele phambili kangakanani, kwaye bafumanisa ukuba waye ngenalo nechaphaza lawo. Wawumkile wonke, yonke intwana yetyhefu yomchamo osegazini wawumkile kuye. Oogqirha babenemincili bade bathi, “Bethu! Kutheni, oku, sifanele . . . Yinto engaqhelekanga kakhulu.” Bathi, “Siya—siyakumlungiselela,” kwaye bathi,

“ukuba isengaloo ndlela kusasa...” Bathi, “Siya kuqhubeka nokumnika ipenicillin,” okanye nantoni na ababemnika yona, begcina usulelo luphantsi. Bathi, “Siya kutyanda kwaye—kwaye sithabathe usana olufileyo ngaphambi kokuba lungene kwenye into.” Bathi, “Ukuba ulungile, ngoko...”

¹⁴⁰ Ke, kabini okanye kathathu ngaloo mini bamvavanya kwakhona. Kwaye ngobo busuku, kamva, bamvavanya, akukho nto iphosakeleyo, wayelungile ngokupheleleyo. Kwaye bamlungiselela. Bamkhupha phantsi kwentente ye-oxygen. Yonke into yayilungile. Babeza kumtyanda ngentsasa elandelayo, bathabathe usana.

¹⁴¹ Ke, ndaphuma ndaya phaya. Kwaye ngenxa yokuba oku kwenziwa...Ngoku, andizange ndikwazi oko, andizange ndikwazi. INkosi ayizange indixelele nto malunga noko. Usenokubuza abantu, ukuba uyathanda. Ngoko bona...yena...Ayizange ithi kuya kwenzeka. Kodwa, owu, bethu, ukubona enjalo i—into! Indoda yakhe, ekubeni ingumoni, yeza kwaye yathi, “Mzalwana uBranham, ndi—ndifuna ukunikela ubomi bam kwiNkosi uYesu.”

¹⁴² Kwaye ndathi, “Kulungile, nje guqa apha kwaye ubambe isandla senkosikazi yakho, kwaye ngoko nihambe obu bomi obuthe ngqo kunye.”

¹⁴³ Umama wabuya, wathi, “Mzalwana uBranham, uyazi, ndim lo kunye nabantwana bam,” wathi, “sonke besingena kwaye siphume, kwaye ngaphakathi nangaphadle, kunye nokungqonga uMnquba, nezinto. Sasihlala kwaye siphulaphule kuwe ushumayela, kwaye besiyakunyuka siye esiguqweni kwaye sibuyele umva.” Wathi, “Ndikreqile, ngokunjalo nam, Mzalwana uBranham.” Wathi, “Ndifuna ukubuyela kwiNkosi uYesu, ngenxa yokulunga kwaYo kumntwana wam.” Ke, uyabona, oko—oko kulungile kakhulu, kodwa awuzi kwiNkosi uYesu ngenxa yaloo nto.

¹⁴⁴ Ezinzulwini zobusuku, intsimbi yeshumi elinesibini, intsimbi yokuqala entloko, umama wakhe wozela walala. Kwaye wathi, wambiza, wathi, “Mama.”

Kwaye wathi, “Ewe, sthandwa, ufuna ntoni?”

Wathi, “Uyazi, ndonwabe kakhulu!”

Wathi, “Ndivuya kakhulu ngokuba wonwabile.”

Wathi, “Ndinoxolo noThixo.” Kwaye wathi, “Owu, indlela entle ngayo lonto!”

Kwimizuzu embalwa, waphinda wabiza kwakhona, wathi, “Mama.”

Wathi, “Ewe?”

Wathi, “Ndiyagoduka.”

145 Kwaye wathi, “Ndiyazi ukuba unjalo.” Wathi, “Ewe, sthandwa,” wathi, “ugqirha uyakuthabatha usana ngomso. Kwaye ngoko malunga nosuku okanye ezimbini, xana ukusikwa kwakho kuphola kwaye umke apha, ubuyele ekhaya wonwabe kwakhona, wena nomyeni wakho nabantwana abancinane, kwaye ube ngumKristu kwaye uphilele uThixo.”

Wathi, “Mama, ndithetha ukuba ndiya kwiKhaya lam laseZulwini.”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo, sthandwa, ekupheleni kohambo.”

Wathi, “Esi sisiphelo sohambo.”

“Owu,” wathi, “ngoku, yintoni ingxaki?”

146 Wathi, “Isiphelo sohambo.” Ke wathi, “Ewe, mama, kwimizuzu embalwa ndiya kube ndihambile.”

147 Ke, wayecinga ukuba usuke nje wabanovalo kwaye waphambana. Wabiza umongikazi, umongikazi wathabatha ukuphefumla kwakhe. Yonke into yayiqhelekile. Kwaye kwimizuzu emihlanu wayehambile, wayesele efile.

148 Kwaye xana ndibuyela ekhaya, kwiveki okanye ezimbini emva koko... ndicinga ukuba uMzalwana uGraham washumayela umngcwabo wentombazana. Xana ndibuyela ekhaya waza uMeda wandixelela ukuba laa ntombazana yafa ngobo busuku, bethu, andizange... .

nda—ndaya ukuba ndibone umama. “Ehe.”

149 Kwaye anda—anda—andazi ukuba yintoni eyabangela ukuba ndikwenze oko, kodwa ndathi, “Nkosi uThixo, U—Undityala ukuqonda,” (Yabona?) “emva kokuya kwam phandle phaya kwaye—kwaye ndixelele laa myeni, naye esiza eNkosini emva kokuba Umenzele ezi zinto, kwaye konke ngolo hlobo, kwaye ngoko uthabathe ubomi baloo ntombazana ngolo hlobo.” Ndathi, “Undityala ukuqonda.”

150 Xana uxelela uThixo into elolo hlobo, Uyakukushiya uhleli wedwa. Andi... Akandityali kwanto. Ndinetyala kuYe. Ke, Wandiyeka nje ukuba nditsolise umlomo iintsuku ezimbalwa, uyazi. Kwaye, emva kweenyanga ezintathu okanye ezine, ngenye imini ndandiphandle ngaselunxwemeni lomlambo yaza iNkosi yathetha nam kumbono, kwaye yathi, “Ngoku yiya kumama wakhe, uze utsho oku kumama wakhe, ‘Ingaba ixesha lakhe alizange lifike unyaka ngaphambi koko, xana wayetshona emlanjeni, ekwipikniki? Wayefanele ukuba wayehambile ngelo xesha, kodwa kwafuneka ukuba ndimthabathe xana sele elungele ukuhamba.’ Kwaye kungenxa yoko konke oku kwenzekileyo kwaye kungokuba waya phandle phaya.”

151 Ngoko ndehla ndaza ndalila. Ndathi, “Nkosi Yesu, ndixolele, umkhonzi Wakho olusizi osisidenge. Bekufanele ukuba andizange ndiyithethe loo nto, Nkosi.”

¹⁵² Kwaye ndabuyela ezantsi kwinenekazi, uhlala ngapha eMarket Street, kwaye ndaya ngaphaya kulo, kwaye ndathi, “Ndifuna ukukubuza umbuzo.”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo, Mzalwana uBill.”

Kwaye ndathi, “Ingaba yinyani ukuba le ntombazana yaphantse yatshona?”

¹⁵³ Wathi, “Kunjalo oko, Mzalwana uBranham.” Wathi, “Umyeni wakhe kunye ba—banyanzeleka ukuba bamkhuphe emfuleni.” Waze wathi, “Kwakufuneka ukuba basebenzise ukuphefumla okwenziweyo, kwaye babeke uxinzelelo, kwaye kwafuneka ukuba bafumane umatshini baze bampompe amanzi aphume kuye.” Wathi, “Ebenxibe isiketi sakhe. Babenophumlo. Wayephandle phaya waza wanyathela kwisanti ethile, watyibilika ngaphezu kwentloko yakhe kwaye wamazama emanzini. Abazange bamqaphele. Kwaye ngokuthe ngqo bambona enyuka nokuhla, kwaye babaleka bangena bamfumana baze bamkhuphela ngaphandle.” Kwaye wathi, “Waphantse wafa.” Wathi, “Yena . . .”

Ndathi, “Elo yayilixesha lakhe lokuhamba.”

¹⁵⁴ Yabona, uThixo uyayazi into Ayenzayo. Ngoku, iNkosi mhlawumbi ngeyandixelelayo oko ukuba ndandingazange ndithathe isimo eso endasenzayo, “Nkosi, Uyandityala, ukuba undixelele malunga naloo nto.” Akakutyali kwanto!

¹⁵⁵ Ndema kumhlangano ngobunye ubusuku ndaza ndeva umvangeli ethandazela umntu ogulayo, wathi, “Thixo, ndikuyalela ukuba uphilise lo mntu!” Ngubani oyalela uThixo? Yabona? Ayi—ayi—ayibubo—ayibubo nkqu nobulumko, yabona, ngokuba ukuba—ukuba uThixo, We—Wenza loo nto Ayifunayo.

¹⁵⁶ Linganako u—linganako udongwe ukuthi kumbumbi, “Kutheni undenze ndanje?” Yabona? Ngokuqinisekileyo akunjalo! Kodwa ukuba umprofeti uthi cwaka aze ngoko afune iNkosi ngenxa yempendulo, ikhona impendulo phaya. Yabona?

¹⁵⁷ Kanye njengalo mntu owayebuzo nge—nge—ngembewu yenyoka, uyabona. Nje—nje khangela, kwaye musa—musa ukuba—musa ukungxama kakhulu. Kwaye ngoko, ngoku, uThixo usoloko esenza yonke into ukuba isebenzele kunye kokulungileyo kwabo bayithandayo iNkosi.

¹⁵⁸ Ngoku, ukuba—ukuba iNineve yayingakhange iguquke, ngoko imigwebo kaThixo ngeyayibe phezu kwabo. Ngoku khumbulani, umprofeti kumelwe ukuba aphulaphule. Yayisisilumkiso.

¹⁵⁹ Ngoku, yinto efanayo kwesi sizwe. Ngoko uthi, “Mzalwana uBranham, kwiCawe ephelileyo wathi ‘Kwakungekho themba?’” Ewe! “Ngokuba?” Sala ubizo lwaso. Simelwe kukulamkela. Siya

kulamkela. Kuza ixesha xana esi sizwe siya kuba ziziqwenga. Ndakubona oko ngowe 1933. Yabona, ndakhangela oko.

Wathi, ngewawuthe, “Ke, akuzange kwenzeke ngoko.”

¹⁶⁰ Kodwa kuya kwenzeka! Kananjalo uMussolini wayengekho mandleni, kananjalo noMgca weMaginot awakhiwanga, kananjalo nenqwelo mafutha ayizange ikhangeleke njengeqanda ngaloo mihla, kwaye nezinto, kananjalo nabafazi abazange bonyule uMongameli oya kukhangeleka ngokungathi yi—yinkwenkwe yasekholejini, nazo zonke ezi ezinye izinto, bekungayi kubakho Mongameli ongumKatolika, na njalo njalo, ekuthethwe ngaye. Malunga namashumi amathathu eminyaka eyadlulayo, okanye ngaphezulu, ezi zinto zaxelwa kwangaphambili, kodwa Wandibonisa kuphela kude ukuhla ukuya esiphelweni.

¹⁶¹ Kwaye njengokuba loo nto isondela, ixesha ngexesha, laa ndebe iyazala! Kwaye inguquko iye yashunyayelwa nguBilly Graham, u-Oral Roberts, kunye nabani na. Abaprofeti, na njalo njalo, banqumle isizwe ngemiqondiso nezimanga, kwaye sona siyaqhubeka singena esonweni. Naso isizathu sokuba bangaguquki, inguquko iyayizisa.

¹⁶² Qaphela, u-Ahabhi akazange aguquke ekukhalimeleni kuka-Eliya. Ukuba u-Ahabhi wayethe waguquka waza wahamba ngokuzolileyo phambi koThixo, loo nto yayingasokuze yenzeke. Kodwa u-Ahabhi wehla waya phaya waze wasithabatha isidiliya sikaNabhoti kwaye wambulalisa, nazo zonke ezi zinto zimbi. Kunye noJezebehe...Laa mprofeti waphuma phaya eno-ITSHO INKOSI! Kodwa yintoni abayenzayo? Wamgrogrisa kuphela ngokumbulala. Kwenzeka ntoni? Isiprofeto sakhe sazaliseka, izinja zamtya kwaye zalikhotha igazi lika-Ahabhi. Nje kanye ngokwelizwi lakhe! Wayibona indebe, izele.

¹⁶³ Eso sisizathu sokuba uMikaya omncinane, athethe kwaloo nto inye, angayisikelela njani into uThixo awayiqalekisayo? Yabona, elakhe—elakhe ilizwi, isiprofeto sakhe, sasingqinelana neLizwi.

¹⁶⁴ UHerode, akazange aguquke xana uYohane wathi, “Akuvumelekile ukuba ube nako oko, inkosikazi yomzalwana wakho!” Akazange aguquke. Kodwa yintoni awayenzayo? Umfazi wakhe wafuna intloko yomprofeti. Khangela ukungcola awangena kuko. Khangela ukuba kwenzeka ntoni kuye. Khangela, nkqu nanamhlanje, eSwitzerland, a—amanzi aluhlaza okuMala asabila njengesi—sikhumbuzo. Yabona, ngokuqinisekileyo, akazange aguquke xana wakhalingelwayo yiNkosi. UYohane wamxelela, akukhathaliseki nokuba wayeyintoni na (ummeli, okanye nantoni na awayeyiyo; okanye umlawuli, okanye nokuba wayengubani na), kufuneka aguquke xana uThixo ebiza, okanye ingqumbo iphezu kwakhe!

165 Mangaphi amaxesha kubaprofeti... Ndiwabhalile phantsi apha, kodwa asizukuba nalo ixesha ngokuba ndinemizuzu emalunga nelishumi ngaphezulu.

166 Ukuba akukho nguquko, ngoko umgwebo uqinisekile ukuza! UHezekiya waguquka. Yabona? INinive yaguquka.

167 U-Ahabhi akazange aguquke. UNEbhukadenetsare akazange aguquke. Abantu kwixesha likaNowa abazange baguquke, kwaye umgwebo watshayela kanye ngaphakathi. Yabona? Ngoku, kodwa Waqala walumkisa wonke umntu. Wonke umntu ufumana isilumkiso.

168 Ngoku, silibona ukuba ixesha lisondele, makhe wonke umntu lowo ovayo ukuba kukho isilumkiso, aguquke ngokukhawuleza ngaphambi kokuba ingqumbo kaThixo ibethe.

169 Ngoku makhe siyizise ukuhla ukuya kuMnquba kaBranham. Yabona, sizibonile ezi zinto kwaye sazi ukuba ziyiNyaniso. Siyazi ukuba ziYiNyaniso ngokupheleleyo. Umyalelo weLizwi kukuba, "Ukuba niyakuguquka kwaye nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, niya kwamkela isipho soMoya oyiNgewe. Kuba idinga likubantwana benu nakwabo bakude." Yabona?

170 Ngoku, indoda, uMnu. Dauch, wandibuza apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, wathi, "Mzalwana uBranham, ndiyaluphala. Ndibabuthathaka, amashumi alithoba ananye." Wathi, "Ingaba u—ucinga ukuba ndiku—ndikulungele ukufa? Ingaba ucinga ukuba ndikulungele ukuhamba? Ingaba ucinga ukuba ndisindisiwe?"

171 Ndathi, "Mnu. Dauch, ingaba wakha waya ku—kugqirha wokuxilonga umzimba?"

Wathi, "Ewe."

172 "Kwaye umxelele... Ngoku, into ugqirha ayenzayo, unencwadi ehleli phaya, kwaye uthabatha le ncwadi aze afumanise. 'Ngoku, into yokuqala endimelwe kuyenza kulaa ndoda, kukuxilonga intliziyo yayo.' Ngoko ufumana izixhobo zokuhlola aze azibeke endlebeni yakhe, ahlole intliziyo yakhe." Ndathi, "Ngoko, into elandelayo ayifumanayo, ufumanisa uxinzelelo lwegazi lakhe, kunye no—kunye noxinzelelo engalweni yakhe. Ngoko into elandelayo ayenzayo, uthabatha umzekelo womchamo, kwaye nantoni na engenye, kunye negazi elithile eliphuma kuye, nazo zonke ezi zinto zahlukeneyo. Uhamba kuyo yonke into, kwaye ukuba akafumani nto... uThabatha iX-reyi. Ukuba akafumani nto, uya kuthi, 'Mnu. Dauch, uphi—uphilile ngokwasemzimbeni.'

173 "Yintoni asekelezele loo nto phezu kwayo? Kwiimeko eziphuma kwincwadi yakhe yezonyango, ukuba kukho nantoni na engalunganga ngokwenzululwazi eyintloko iyakubonisa

phezulu apha, iyakwenza *oku* apha, iyakwenza *leya* phaya. Ngoko ke, kangangoko enokwazi nantoni na malunga noko, ulungile, yabona, ngokwasemzimbeni.

¹⁷⁴ “Ngoku,” ndathi, “kule meko, ndi—ndiyinika uxilongo lomphefumlo. Yabona? Kwaye uThixo, womphefumlo, uneSixhobo esinye kuphela, kunjalo oko, elo liLizwi Lakhe. Elo liLizwi Lakhe. Kwaye uYesu wathi, kuYohane oNgcwele 5:24, ‘Lowo ulivayo iLizwi laM.’ Ngoku, oko *kuva* akuthethi nje ukuphulaphula kwingxolo. Oko *kuva* kuthetha ‘ukuLamkela.’ ‘Ngubani onokulamkela iLizwi laM,’ amen, ‘ngulowo ulivaYo!’ (Musa ukuma ngxi, uthi, ‘Owu yimfitshimfitshi, ezo zinto, akukho nto kuyo. Andikukholwa oko.’) ‘Lowo ulivayo iLizwi laM!’ Uh-huh. Elo liLizwi likaYesu, yena, UliLizwi. Nantso ke. ‘Ukuba unako ukuliva iLizwi laM,’ Watsho, ‘uze ukholwe kuLowo waNdithumayo, udlulile ekufeni ukuya eBomini; kwaye akasayi nkqu nokuza ekuGwetyweni, kodwa sele edlulile kuwo.’ Amen!” Ndathi, “Ibetha njani intliziyo yakho ngoku?”

Wathi, “NdiyaLikhohla. NdiLivile. NdilaMkele.”

¹⁷⁵ Ndathi, “Ngoko ngokutsho kweNtloko eyiNgcali, uMtyandi oyiNtloko, uGqirha oyiNtloko woBomi obunguNaphakade uthi, ‘Udlulile ekufeni ukuya eBomini kwaye awusayi kuya emgwebeni.’”

¹⁷⁶ Wathi, “Xana ndakuva ushumayela ngeGama likaYesu Kristu kubhaptiza lwamanzi, ndahamba kanye ngaphakathi emva kwakho waza wandibhaptiza.” Wathi, “Ndi...Indoda leyo endakha ndayiyo, andiseyiyo loo ndoda kwakhona. Into ethile yenzekile kum. Bendidla ngokungakhathaleli nto malunga naLo kwaye ndahamba ngenye indlela, kodwa ndajika kwaye ndaqalisa emva ngale ndlela. Kwaye intliziyo yam iyavutha imini nobusuku ukusondela kuYe ngakumbi. Lonke iLizwi laYo, ndiyakhohla! Ndithi, ‘Amen!’ kuyo yonke indawana yaLo. Andikhathali nokuba Lindisika njani na, ndifuna ukulinganisa kanye kuLo. Kwaye ndinako ngokokwazi kwam.”

¹⁷⁷ Ndathi, “Kubonakala kum ngokungathi intliziyo yakho ibetha kakuhle kakhulu. Ndi—ndiyakhohla ukuba unako ngokwasemoyeni ngoku.”

¹⁷⁸ Wathi, “Ndiyazibuza ukuba kuyakubakho xana uXwilo lufika, ndinganako ukugena kulo, Mzalwana uBranham?”

Ndathi, “Ayikokwam ukutsho ukuba ngubani oyakungena okanye ngubani ongayikungena.”

¹⁷⁹ Wathi, “Ke, ndingathanda ukuba ndibe ndisaphila, ndifuna—ndifuna ukubona uXwilo kakubi kakhulu.”

¹⁸⁰ Ndathi, “Kulungile, makhe ndibone ukuba yintoni i—iNcwadi yeNzululwazi eyitshoyo apha, kuyo, kunye nenzululwazi yomphefumlo apha.” Ndathi, “Ke, Ithetha oku, kwabaseTesalonika beSibini, isahluko se-5, Yathi,

‘Thina baphilayo kwaye basaseleyo kude kube sekuBuyeni kweNkosi asiyi kuthintela’ (oko kuthetha ‘ukuthintela’) ‘bona abo baphumlileyo, abaleleyo. Kuba ixilongo likaThixo liyakuhlokoma, kwaye abo baleleyo okanye abaphumleyo baya kuvuka kuqala, bathabathe ukungonakali. Ngoko thina abo babudlayo ubomi ngaloo mhla, ngelo xesha emva kokuba sele bevukile, yabona, ngoko siya kuguqulelwa ngomzuzwana, ngokuphanyaza kweliso, kwaye sihlangani nabo; kwaye ngoko siye phezulu ukuya kuyikhawulela iNkosi emoyeni, sixwilelwe kunye nabo.’ Nokuba uyalala, nokuba awulali, nokuba uyalala okanye awulali; naphina apho ungewatywe khona, nokuba nkqu awungcwatywanga konke konke, uyeza nakanjani na! Akukho nto inokukubamba. Uya kuba phaya!” Ndathi, “Mzalwana uDauch, nokuba uYesu akezi kude kube ngabazukulwana babazukulwana babazukulwana bam, uyakube usephaya kanye ngomzuzwana nje ngokuchanekileyo, kwaye uya kuba phaya nangaphambi kokuba bakha nkqu baguqulelwa, ukuba bayahamba.” Kunjalo oko. Amen!

¹⁸¹ Kukho intsikelelo ezayo kanye njengokuba kukho ingqumbo ezayo. Owu, kufuneka sibe sikhangele enye yayo ngokuhlwanje. Kufuneka ukuba ukhangele ingqumbo ukuba iwe phezu kwakho kunye nentshabalalo, okanye kufuneka ukhangele uvuko lweNkosi uYesu. Kwaloo Thixo mnye wathembisayo, wathembi- . . . ndiyavuya kakhulu!

Ndikhangele ukufika kwaloo mini yovuyo
lweMillennium,
Xana iNkosi yethu esikelelekileyo iyakuza
ithabathe uMtshakazi waYo olindileyo;
Owu! Intliziyo yam ilangazelela kwaye
iyancwina ngenxa yaloo mini yokukhululwa
okumnandi,
Xana uYesu wethu eya kubuyela emhlabeni
kwakhona.

Ngoko isono kunye nosizi, intlungu nokufa
kweli hlabathi lobumnyama ziya kuphela,
Kolo lawulo luzukileyo noYesu lweminyaka
eliwaka yoxolo.

¹⁸² Owu, bethu! “Kwaye siya kuba kunye neNkosi ngonaphakade.” Yabona? Loo nto uThixo ayitshoyo, imelwe kukwenzeka. “Baya kwakha izindlu, bazihlale. Baya kutyala izidiliya baze badle iziqhamo zazo. Abasayi kutyala aze omnye ayidle ilifa. Baya kutyala izidiliya zabo baze bahlale nazo.” Amen! Amen! “Abasayi kwenzakalisa okanye batshabalalise kuyo yonke iNtaba yaM engcwele.” Haleluya!

¹⁸³ Xana oku kufayo kuthabatha ukungafi, oku—oku kufa kuginywe kuloyiso, ngoko siyakuMbona njengoko Anjalo sibe

nomzimba ofana noMzimba Wakhe wozuko. Owu, elinjani lona ixesha elizayo!

¹⁸⁴ Kwaloo Thixo mnye kwanabaprofeti abafanayo abo ababexela kwangaphambili iLizwi likaThixo, okanye, ingqumbo eyayiya kuthululwa, kanaanjalo baxela ngezi ntsikelelo zizayo. Ndiyavuya kakhulu! UThixo akazange anike i—isizwe i—intshabalalo ngaphandle kokusilumkisa. Akazange anike umntu intshabalalo ngaphandle kokuba amlumkise. Kwaye ngoku ukuba Uyakwenza oko, sinento ethile leyo yenzekileyo kuthi, ukuqinisekiswa kwemiqondiso yemihla yokugqibela kunye nathi, uMoya oyiNgcwele omkhulu ehamba phakathi kwethu ekhuthaza ibandla ngoBukho Bakhe, engqinela iLizwi Lakhe. Ngoko iBandla lilungiselela ukunyukela esibhakabhakeni ngolunye lwezi ntsuku, ngamandla kaThixo. Ngokuba sisilumkiso sokuba sibeke bonke ubunzima ecaleni nesono eso esisirhawula ngokulula, ukuze silubhabhe ngomonde olu gqatso olo lubekwe phambi kwethu, kwiMbhangi noMgqibelelisi woKholo lwethu.

¹⁸⁵ UThixo anisikelele, bandla! Bambelelani kwisandla esingaguqukiyo sikaThixo! Ewe, mhlekazi. Ukuba uva uBukho Bakhe, yiya kuYe. Ukuba kukho into engalunganga entliziyweni yakho, yenze ilunge. Asisenaxesha lininzi liseleyo, uKuza kweNkosi kusondele. Ingaba uyaMkholwa? Owu, bethu! Ingaba oko akuyi kumangalisa phaya? Elinjani lona ixesha, xana ndibona amagqala amandulo phaya emva esihla enqumla kuloo Paradesi! Owu, bethu! Ndikhangele kuloo yure.

¹⁸⁶ Ndikhumbula ndisiva umzalwana wam esithi, xana wayebuya evela ngaphaya kwezilwandle, ephuma kumathafa edabi amadala kunye nezinto, wathi, “Loo magqala amadala, xana efika phambi kwaloo Mfanekiso weNkululeko, aze aqengqe ezo ngxwelerha phezulu phaya ukuze zibone uMfanekiso weNkululeko.” Ubona oko kuqala, enqanaweni, xana unyuka, ngokuba iphezulu kakhulu. “Kwaye ubone oloo phawu lwesizwe, lumi phezulu phaya,” wathi, “loo madoda asukanje ophuke awe alile. Kwaye nje loo madoda makhulu kakhulu emi phaya, awela nje phezulu komgangatho kwaye aqalise ukulila.” Yayiyintoni lonto? Umqondiso wenkululeko. Yonke into leyo abakha bayithanda yayilele kanye emva kwaloo mqondiso phaya.

¹⁸⁷ Owu, kodwa kuya kuba njani xana ndisiva inqanawa endala yaseZiyoni ivuthela ngaloo ntsasa kwaye ndibona iibhanile zitshangatshangisa! Xana idabi liphelile kwaye uloyiso luphumelele, haleluya! Kwaye siza eKhaya, apho ukufa, isono nesihogo zoyisiweyo; kwaye akusekho sono, akusekho kufa, akusekho lusizi. Ndinokuva nje impempe ivuthelwa! Owu, sisondele kwiSixeko. Ewe, mhlekazi. Abophuli bayangena, inqanawa endala ihambela kwindawo yayo. Thixo, sincede ukuba siphilele loo yure!

¹⁸⁸ Nkosi Yesu, singabantu aba—abazama konke okungcono kwethu, ngako konke okukuthi, ukuhamba ekuKhanyeni kweVangeli yeVangeli Yakho enkulu leyo Owayifelayo ukuze wenze okulungileyo. Sinombulelo kakhulu ukubona, kule mihla ingendawo yobumnyama esiphila kuyo ngoku kule yure, ukuba sibona imiqondiso ibonakala. Owu Thixo, njengoko unjalo umbhalo eludongeni, siyaKubulela, Nkosi, ukuba sibe nokuyibona kwaye sazi ukuba intlangulo isondele. Siyashumayela, sinqumla ilizwe, sikubona Usebenza imiqondiso emikhulu, Uzibonakalisa yonke imihla, minyaka le. Akukho nyaka udlulayo kodwa oko (enkulu) imiqondiso Yakhe eNgaphezu kwendalo intlitha umhlaba. Kwaye siyayibona, sisazi ukuba umkhosi omkhulu kaThixo ungxishela phambili.

¹⁸⁹ Owu, ababaninzi ngenani, kodwa elinjani lona iqela elinamandla elo elinoBomi obunguNaphakade! Wathi, “Bayakubaleka banqumle umkhosi kwaye batsibele ngaphaya kodonga.” Ewe, u “mkhosi” wokufa awusayi kuba nababambi kuwo, Uyakubaleka kanye anqumle kuwo. Utsiba ngaphaya ko “donga” phakathi kwendalo nokuNgaphezu kwendalo, kwaye aye kungena ezingalweni zikaThixo, ukuya kweloo ngunaPhakade likhulu. Nkosi Thixo, siyaKubulela ngako oku. Siyazi ukuba ixesha lisondele likufuphi.

¹⁹⁰ Ndiyathandaza, Thixo, ukuba ngokuhlwanje ukuba kukho abathile apha abangaKwaziyo, abangazange balwenze uxolo lwabo...Kwaye mhlawumbi ngokuhlwanje, ngeli thuba besithetha, iZwi elincinane belithetha ezantsi kwintliziyo yabo, “Ndiva isilumkiso sokuba andinako ukubalapha ixesha elide.” Owu Thixo, banga bangayibeka ngolungelelwano indlu yabo, kanye ngoku. Yanga yonke into ingalungiswa. Kwanga ukubanda...Mhlawumbi bangamaKristu, kodwa nje abanayo...Baphile phantsi koku ixesha elide kakhulu kwaye babone izinto ezininzi kakhulu, ba—baye balahlekelwa lixabiso layo. Iyi...Izinto, bazithabatha kancinci endaweni yokuba nzulu ngokwenene kwaye banyaniseke.

¹⁹¹ Owu Thixo, makhe sihlole ngokuhlwanje, siphe oko, sisazi ukuba ezi zinto zinkulu zisilumkisa kuphela ngeBandla elixwilwa ngokukhawuleza. Kwaye ukuba sisindwa sisono, nokungakholwa, nobuvila, asisayi kulwenza olwa Xwilo. Siyakwazi oko, Nkosi, ke siyathandaza ukuba Uyakuvuthisa ngaphakathi kuthi uMoya oyiNgcwele, ezantsi ezintliziyweni zethu. Owu Thixo, yivuthise imiphefumlo yethu ngomlilo weentsikelelo Zakho. Sincede ukuba siqonde.

¹⁹² Ngoku, sikelela abantu kunye. Sikelela umalusi wethu oxabisekileyo kunye nenkosikazi yakhe. Sikelela amadikoni, abathenjwa, lonke ibandla, kunye. Xolela izono zethu. Philisa izifo zethu, Nkosi. Kwaye uvuthise iintliziyo zethu. Kwaye sanga singahamba sisuka kule ndawo sinomyalezo wesilumkiso, njengokuba sihlangu nabantu esonweni, kwaye sibaxelele,

“Mhlobo, akunazintloni na ukuba wenza izinto ezinjalo, usazi ukuba kufuneka ukuba uhlangane noThixo ngenye imini?” Siphe oko, Nkosi. Ndibanikela kuWe, ngoku; ndinikela uMyalezo, nako konke kunye, ukuze kusebenzele kunye uzuko Lwakho. NgeGama likaYesu Kristu. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini waseKhalvari.

¹⁹³ Ingaba akuMthandi na? Cinga ngento esiyiyo. Khangelani indlela esikude ngayo endleleni, bahlobo. Nje khangelana emva ezantsi kwindlela ukusuka kude ezantsi ngaphaya, ngemihla kaLuther noWesley, ukuhla ukunqumleza izigaba. Khangelana apha apho sikhoyo: kanye apha encotsheni yephiramidi; kanye apha apho uThixo akugqineleyo oko, ukuba iBhayibhile ngamatywina asixhenxe ityhiliwe ngokugqibeleleyo; silindele kuphela ngoku kwezo mfihlelo ezisixhenxe kanye ekugqibeleni, ekuBuyeni kweNkosi noXwilo lweBandla olo olunokwenzeka ngaphambi kwentsasa. Owu, bethu!

NdiyaMthanda . . .

Ngokunyaniseka ngoku.

. . . NdiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini waseKhalvari.

¹⁹⁴ Njengoko sizolile ngoku..Ingaba niyaqaphela ukuba ngamnye wethu apha umelwe kukuba emke apha, alishiye eli hlabathi? Ingaba uyazi na ukuba umntu ozelwe ngumfazi imihla yakhe imbalwa kwaye uzele zinkathazo? Ingaba ubusazi ukuba ngenxa yokuba sizalwe ngalaa mthi womyezo wase-Eden, wokufa, ukuba simelwe kukuba sife? Sisisiqhamo sesizalo sikamama wethu, kwaye kufuneka ukuba sife, kufuneka ukuba sahlule obu bomi. Oselula okanye omdala, akwenzi mahluko. Ukuba eyona ndoda endala okanye umfazi apha uphila ukunqumla ubusuku, uyakuphila abaphezulu okanye uyakuphila ukodlula abantwana abaninzi abaneminyaka elishumi-, abantwana abaneshumi elinesihlanu leminyaka ubudala. Amakhulu abo ayakufa ukunqumleza ihlabathi ngaphambi kwentsasa, wabantwana. Ke konke oko okubalulekileyo, kukuba, yintoni oyenzayo kanye ngoku?

¹⁹⁵ Eli kusenokuba lithuba lakho lokugqibela. Uselula okanye umdala, uyakwazi ukuba uye enkonzweni. Musa ukushiya nento enye ingenziwanga. Yiba nzulu kwaye unyaniseke. Beka sonke isono nayo yonke into ecaleni. Khangelana ngqo ebusweni bukaThixo kwaye ubuze umbuzo, “Nkosi, ingaba ndiya Kukholisa na? Yintoni enye endinokuyenza, Nkosi Yesu? Andisokuze ndibenalo ithuba kwakhona, emva kokuba obu

bomi buphelile, lokuKukhonza. Eli lixesha kuphela endinalo. Nkosi Thixo, kuphela ndivumele ukuba ndiyazi into Ofuna ukuyenza! Ukuba kufuneka ndiye ndenze *oku* okanye kufuneka ndenze *okuya*, ndingakuvuyela ukukwenza oko.”

¹⁹⁶ Ingaba si—ingaba siyayinga loo nto ngokunyanisekileyo na? Ingaba aba bafu bancinane bayakucinga oko? Ingaba abantu ababudala buphakathi bayakucinga oko? Ingaba abantu abadala bayakucinga oko? Ingaba abakwiminyaka yeshumi elivisayo bayakucinga oko? Kufuneka ukuba sihambe, kwaye wazi njani ukuba asizukube sihambile ngaphambi kwentsasa? Asikwazi oko. Uthi, “Oko kuyandikhathaza.” Akufanele! Ngeliphandle, kufanele ukuba oko kukwenze ube ngoyena wonwabe kakhulu ukwazi ukuba uyayishiya le ndlu indala yezifo.

¹⁹⁷ Kukho elinye ihlabathi. Akuyomfuneko ukuba uhambele kude kakhulu. Inawe kanye. Ikanye ngeenxa zonke kuwe. Wena nje...wena...nguThixo kuphela okunika izimvo ezintlanu, kwaye ezo kukunxibelelana nokuninzi kakhulu koku, kweli hlabathi. Kodwa kukho elinye ihlabathi elo ongenazo naziphi na iimvakalelo zokunxibelelana nalo, awunako ukunxibelelana nalo ngokuba awunazo.

¹⁹⁸ Umzekelo, ndathi, ngobusuku bangeCawe, (mhlawumbi awuyifumananga) Intoni...sinezimvo ezintlanu: ukubona, ukungcamla, ukuva, ukusezela, nokuva. Kodwa kuthini ukuba ubungenako ukubona (ubunokungcamla nje, ukuva ngokuchukumisa, ukujoja, nokuva), kwaye umntu othile bamkele ukubona kwabo kwaye bathi, “Kukho elinye ihlabathi, ilanga”? Ezo—ezo mvakalelo, ungqubeka kwizinto, kwaye yintoni leyo inokukuxelela ukuba yintoni lonto na. Ngokuba, ubuyakucinga ukuba lo mntu wayephambene, kuba awunalo olo—olo luvo lo—lokubona. Akukho mntu owakhe waba nalo, omayaziyo. Ukhe weva ngabantu abathetha izinto ezinjengezo, kodwa wazithandabuza. Kodwa siyazi ngalo olu luvo ukuba iyinene. Yindawo yokwenene. Yabona? Yi—yi—yi—yindawo apho u...unganako ukubona. Uluvo lwakho luyakuxela oko.

¹⁹⁹ Ngoku, inye kuphela into oyenzayo xana usifa, utshintsha nje ezo zimvo zintlanu (Uzuko! Whew!), wamkela nje olunye uluvo. Kwaye uphila ngoluvo olu ngaphezulu, amawaka amaxesha angaphezulu ngakumbi kunolu, kobunye ubomi; ubomi apho kungekho kufa, apho kungekho lusizi. Kwaye izinto ezo ongazi kwanto malunga nazo ngoku, uzibona ngokucacileyo xana uwelela phaya. Awuziqondi ngoku ngokuba ungqubeka kuzo, awukabinalo oloo luvo. Uthi, “Ndi—ndiva imvakalelo engaqhelekanga apha ngokuhlwanje. Kubonakala kum kungathi kukho u... nje ndifuna ukulila, okanye ukukhwaza, okanye into ethile.” ZiNgelosi zeNkosi. Yabona?

²⁰⁰ Njengomntu othile uthi, uyazi, ukuba akazange abe noluvo

lokubona, uthi, “Kanye ngethuba ndiva into ethile yokwenene, njengokuziva kungathi bubushushu.”

Uthi, “Kukukhanya kwelanga.”

²⁰¹ “Yintoni ukukhanya kwelanga? Andizange ndiyibone lonto. Akukho...” Yabona, akazange akhe abone, akakwazi ukuba kuyintoni na. Yabona, umntu othile ngaphaya umelwe kukumxelela, umntu othile lowo onokukubona. Owu, bethu! Yabona?

²⁰² Siyatshintsha nje. Siyatshintsha nje, musa ukoyika ukufa. Ukufa akuyonto ngaphandle kwesoyikiso. UYesu wakoyisa. Nkqu xana uPawulos esihla ekupheleni, wathi, “Kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Luphi uloyiko lwakho? Ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho? Uthi undifumene? Ndi—ndifuna ukukukhomba emva phaya kwiYerusalem. Kukho ingcwaba elingenanto phaya kwaye ‘NdinguLowo owoyisayo kokubini, ukufa nesihogo,’ kwaye NdikuYe kwaye aninako ukundibamba! Ndiya kuvuka kwakhona.” Owu, bethu! Wathi, “Kukho isithsaba endisibekelweyo, eso iNkosi, uMgwebi olilungisa, eya kundinika sona; kwaye ingendim ndedwa, kodwa nabo bonke abo bakuthandayo ukubonakala kwaYo.”

²⁰³ NiyaMthanda. Nifuna ukuMbona esiza. Nilindele Yena. Libali elide, ku—kukulinda ixesha elide. Ngumcimbi wothando. Kodwa awunako nje ukulinda ude uMbone! Owu, bethu! Yiloo ndlela ekuyiyo. Owu, elo lixesha esilikhangeleyo, leyo yiyure! Ukuba intliziyo yakho ayifani—fani—fani nokuya ngokuhlwanje, sihlobo, lumka. Yabona? Lumka. Musa ukuvumela utshaba lukukhohlise. Xana uMoya oyiNgcwele apha efuna uKubhabhela kuMenzi waWo, kwiNkosi yaWo, kukho umcimbi wothando lowo ekungekho mntu unako okuxela malunga nawo. Kunjalo oko, uyinene. Uyinene.

²⁰⁴ Ke ukuba kukho isilumkiso, usithi, “Awukulungelanga oko,” ngoko khumbula, uThixo usenokuba ukulungiselela into ethile. Yabona? Awukalungeli...

²⁰⁵ Uthi, “Ke, ukuba ndingabhaptizwa, uMoya oyiNgcwele, ngoko, ke, mhlawumbi iNkosi iyakundithabatha?” Hayi, hayi oko kuphela, sele nje ngoko ulungiselela ukuphila. A—awukalungeli ukuphila ude ufumane uMoya oyiNgcwele, kwaye ngoko xana ufumana uMoya oyiNgcwele ngoko nje ukulungele ukuphila. Ubungakufanelanga ukuphila ngaphambi koko, yabona, kodwa ngoku ukulungele nje ukuphila emva kokuba ufumane uMoya oyiNgcwele. Yabona? Nje ukukulungiselela. Yabona?

²⁰⁶ Abantu bathi, “Ke, kufuneka ukuba ndilungele ukufa.” Owu, bethu, ndilungiselela ukuphila! Amen. Into yako kukuba, zilungiselele ukuphila, phila kuKristu! Ubomi boloyiso phezu kwesono, ukufa, isihogo, sele kakade ndinloyiso. UluLoyiso

lwam kwaye ndibubungqina Bakhe, kwaye ndibubungqina boLoyiso Lwakhe. Amen! Yiyo leyo.

²⁰⁷ “Wazi njani ukuba unaLo?” NdiLufumene. Amen. Wandinika Lona ngobabalo Lwakhe. NdiYaluva. NdiYalwazi. NdiyaLibona lusebenza ebomini bam. Lwanditshintsha. Kwaye ngokwale Ncwadi apha, Wathi ndinoBomi obunguNaphakade kwaye andisayi kuba nako ukuya eMgwebeni, kodwa ndidlulile ekufeni ndangena eBomini ngokuba Wathabatha umgwebo ngenxa yam. Kwaye ukuba Walihlawula ixabiso, musa ukuzama ukundizisa kuwo nawuphi na uMgwebo. Ugqibile wawuthabatha ngenxa yam, kwaye ndakwamkela oko. Ewe, mhlekazi.

²⁰⁸ Ke akusekho mgwebo. Akusekho—akukho kufa kwakhona. Owu, kunyanzelekile ukuba ndilishiye ibandla kwaye ndibashiye abantu ngenye imini, kodwa oko... ukuba uYesu uyalibala. Kwaye ukuba oko kuyenzeka, ngokuba, bethu, andifanga. Andingekhe ndife, ndinoBomi obunguNaphakade. Ungafa njani unoBomi obunguNaphakade? Yabona? Ngalo lonke ixesha kuBukho bukaThixo kwaye ngonaphakade niyakuba naYe! Amen! Oko kuyayivuyisa intliziyo yam, bethu, kundenza ndifune ukuqalisa ukushumayela kwakhona. Yabona? Kunjalo oko. Owu, Uyamangalisa!

AkaMangalisi na, uyamangalisa,
uyamangalisa?

Akamangalisi na uYesu iNkosi yam?
Amehlo abonile, iindlebe zivile, lonto
ishicilelweyo kwiLizwi likaThixo;
Akamangalisi na uYesu iNkosi yam?

Ndiyabuthanda obo bungqina.

Amehlo abonile, iindlebe zivile, lonto
ishicilelweyo kwiLizwi likaThixo;
Ingaba uYesu iNkosi yethu ayimangalisi na?

²⁰⁹ Owu, ndiyaMthanda! UluXolo lwam, uBomi bam, i-iThemba lam, uKumkani wam, uThixo wam, uMsindisi wam, wam... (Owu, bethu!) uBawo wam, uMama wam, uDade wethu, uMzalwana wam, uMhlobo wam, uyonke into yam! Uyabona? Sasidla ngokucula iculo elincinane ngolo hlobo. Uyazi, ingaba nonke nakha nawafumana loo maculo mancinane amaPentekoste anjalo... Ndiyathemba ukuba basicimile esa sishicileli. Hmm. Yayiyintoni oko sasidla ngokucula?

Ungutata wam, umama wam, udade wethu
kunye nomzalwana,
Uyinto yonke kum.

Uyinto yonke, Uyinto yonke kum;
Uyinto yonke, Uyinto yonke kum;
Kuba Ungutata wam, nomama wam, nodade
wethu kunye nomzalwana wam,

Uyinto yonke kum.

²¹⁰ Niyakhumbula xana sasidla ngokucula oko? Nabani na kuni olikhumbulayo? Bethu, kwiminyaka eyadlulayo! Kwaye ngoko sasidla ngokuthi:

Ndiyazi ukuba yayiliGazi, ndiyazi ukuba yayiliGazi,
ndiyazi ukuba yayiliGazi ngenxa yam;
Ngenye imini xana ndandilahlekile, Wafela phezu koMnqamlezo,
Kwaye ndiyazi ukuba yayiliGazi ngenxa yam.

²¹¹ Niyalikhumbula elaa culo elincinane? Makhe sibone, yayileliph i elinye esasilicula? Makhe sibone.

Owu, ubungekhe ulinde kunye nam iyure ibenye,
Ngeli thuba ndisiya ngaphaya, ngeli thuba ndisiya ngaphaya?
Owu, ubungekhe ulinde kunye nam iyure ibenye,
Ngelithuba ndisiya ngaphaya ndize ndithandaze?

Ndiyoyisa, ndiyoyisa,
ndiyoyisa, ndiyoyisa;
Kuba ndiyamthanda uYesu, unguMsindisi wam,
Kwaye Uyancuma kwaye Uyandithanda nam.

²¹² Kwakudla ngokuba ngomdala uMzalwana uSmith, umzalwana ontsundu, wayedla ngokuba lapha ezantsi ekoneni. Owu! Ndandibeva abo bantu bebala ezantsi phaya, ndandihlala nje phaya ndize ndikhwaze ndilile nayo yonke enye into, ndishukumise imoto yam yonke indawo nditsibe ndijikeleze ngolo hlobo. Bonke babeqhwaba izandla zabo.

Owu, ubungekhe ulinde kunye. . .

Esa singqi sincinane abantu abantsundu abanaso, uyazi. Akukho mntu unokucula njengabo; nisenokuyilibala nani ngokunjalo. Yabona?

. . . iyure ibenye,
Ngelithuba ndisiya ngaphaya, . . .

²¹³ Owu, bethu! Ndihlale phaya, ndathi, "Owu Thixo!" Le nkwenkwe incinane indala, emalunga namashumi amabini eminyaka ubudala, Ndandimane ndibaleka ndijikeleze loo moto kwaye nje ndikhwaze nokudumisa uThixo ngolo hlobo. Owu, elinjani lona ixesha! Eso yayisisiqalo ekuqalekeni nje, xana uThixo wayehamba nje phakathi kwabantu ngolo hlobo. Ngoku siza kwiBandla elomeleleyo. Hayi elinamalungu amaninzi, kodwa elinamandla kuMoya. Amen. Indlela ekumangalisa ngayo!

214 Ngoko kwakudla ngokuba neculo elincinane... ndikhumbula imini phaya ezantsi eChattanooga, eTennessee, xana ndahlangana noku... Hayi eChattanooga, kwakusezantsi eMemphis, apho ndahlangana khona nalo mfazi mncinane ontsundu, uyazi, emi phandle phaya. Nindivile ndibalisa malunga nalo, uyazi. Inkwenkwe yakhe yayinesifo sosuleleko sokwazana kwababini. Kwaye wayebophe ihempe yale ndoda ukujikela entloko, engqiyame phezu kwesitulo ngolo *hlobo*. Kwaye iNkosi yamisa laa nqwelo moya phaya yaza ayayivumela ukuba ihambe, ngandlela ithile, kwaye bandixelela ukuba ndize ndifumane... Kwaye uMoya oyiNgcwele wathi, “Thabatha uhambo oluncinane kwaye uhle *ngale* ndlela.”

215 Kwaye ndahamba ndisihla kanye phaya, ndicula. Ndacinga, “Bethu, inqwelo moya yam sele imalunga nokulungela ukuhamba!”

216 Nje yaqhubeka isithi, “Qhubela phambili. Qhubeka nokuhamba. Qhubeka nokuhamba.” Nje inxalenye yokuqala yolungiselelo lwam.

217 Kwaye ndakhangelela, engqiyame ukunqumla ngaphaya kocingo phaya, nendlu yeziqobo encinane encinci, indawo encinane phaya. Kwakukho udade omdala emi phaya. Owu, waye... Ekhangeleka ngokungathi ngomnye waba badade kwezipancakes zika-Auntie Jemima. Izidlele ezinkulu ezityebileyo, uyazi, kunye ne—nenwele zakhe, ihempe yakhe yayibuyiselwe umva. Wangqiyama ukunqumla isango ngolo hlobo, kwaye ndaye nje... Ndandicula elaa culo lincinane malunga... elincinci... Laliyintoni na... Ndiyililibala igama leculo elincinane endandilicula. Ngoku, yinto ethile malunga—malunga... Yayiliculo elifutshane elincinane lamaPentekoste, intlokoma encinane.

218 Kwaye ndayeka ukucula, ndasondela kakhulu. Kwaye ndagqitha. Kwaye wayemi phaya iinyembezi zisihla kwezo zidlele zityebileyo; ndandifuna ukumgona. Wathi, “Molo, mlungiseleli!”

Ndathi, “Anti, ubusithini?”

Wathi, “Ndithe, ‘Molo mlungiseleli.’”

219 Ndathi, “Waze njani ukuba ndingumlungiseleli?” Ngoku, kubantu baseMzantsi, oko kuthetha “umlungiseleli,” uyazi. Ndathi, “Ngoku, waze njani ukuba ndingumlungiseleli?”

Wathi, “Bendisazi ukuba uyeza.”

220 Ndathi, “Ubusazi ukuba ndiyeza?” Ndacinga, “Uh-oh, nantsi apho ikhoyo, yabona.”

221 Wathi, “Ewe, mhlekazi.” Wathi, “Ingaba—ingaba wakha walifunda ibali eBhayibhileni, mlungiseleli, malunga nalaa mfazi waseShuneme?”

Ndathi, “Ewe, anti, ndakha ndalifunda.”

222 Wathi, “Ndandilolo hlobo lomfazi.” Wathi, “Kwaye ndacela iNkosi ukuba Ingandinika usana, mna nomyeni wam, kwaye ndiyakumkhulisela Yona.” Wathi, “Yakwenza oko, Yandinika usana.” Waze wathi, “Ndalukhulisa, inkwenkwe elungileyo.” Wathi, “Wahlangana neqela elingalunganga, mlungiseleli. Wafumana isifo esibi,” kwaye wathi, “ulele phaya uyafa. Ubesifa malunga neentsuku ezimbini ngoku. Akazange nkqu abuyele ezingqondweni zakhe kangangeentsuku ezimbini. Ugqirha oyindoda wayelapha kwaye wathi, ‘Akangekhe aphile,’ wathi, ‘uyafa.’” Yayisisifo sokwazana, uyabona. Wathi, “Andikwazanga kuma ukuba ndibone usana lwam lusifa, kwaye ndiyendathandaza ubusuku bonke.” Kwaye wathi, “Ndathi, ‘Nkosi,’ wathi, ‘Wayeluhlobo lomfazi lowo awayelulo umfazi waseShuneme, kodwa’ wathi, ‘uphi na u-Elisha Wakho?’”

223 Kwaye wathi, “Ndaye ndalala ndaphupha iphupha, lokuba bendimi apha kweli sango, kwaye ndikubone usihla ngesitalato unaloo mnqwazi mncinane uluhlobo lokuhlala ecaleni kwintloko yakho.” Kodwa wathi, “Inye kuphela into,” wathi, “iphi laa nto...” Wathi, “Ubufanele ukuba unetyesi kwisandla sakho.”

Ndathi, “Ndiyishiye nje ezantsi phaya ePeabody Hotel.”

224 Wathi, “Bendisazi ukuba bekufanele ukuba ube netyesi.” Waze wathi, “Usana lwam luyafa.”

Ndathi, “Igama lam ndinguBranham.”

Wathi, “Ndiyavuya ukuba ndihlangane nawe, Mlungiseleli uBranham.”

225 Ndathi, “Ndithandazela abagulayo. Ingaba wakha weva ngolungiselelo lwam?”

226 Wathi, “Hayi, andikholwa ukuba ndakha ndakwenza.” Wathi, “Ubungayi kungena ngaphakathi?” Kwaye ndangena ngaphakathi.

227 Laa mfo omkhulu elele phaya ngolo hlobo. Ndandizama ukumxelela ngempiliso eNgcwele, kodwa oko yayingeyiyo into eyayimnika umdla leyo. Wayefuna ukuva laa nkwenkwe isithi yayi “sindisiwe kwaye ikulungele ukuhamba.” Kwaye watsho... Waza uThixo wamsindisa.

228 Kwaye malunga nonyaka emva koko ndambona phandle phaya njengomqeshwa wakwaloliwe ezantsi esikhululweni. Indlela iNkosi eyenza ngayo izinto!

229 Kwaye xana ndibuyayo, emva koko, bendifanele... loo nqwelomoya bekufanele ukuba isuke ngentsimbi yesixhenxe entloko, kwaye kwaku malunga necala emva kwentsimbi yethoba. Ndaye ndafumana isithuthi kwaye ndabuyela umva. Kwaye kanye njengokuba ndingena, bathi, “Ukubiza kokugqibela inani lenqwelo moya *elithi nokuthi*.” INkosi

yabamba laa nqwelo moya phantsi phaya ngelithuba bendisayo thandazela laa nkwenkwe. Yabona? Yiyo leyo.

²³⁰ Bendizama ukucinga ngelaa, iculo elincinane, “ *Omnye Wabo.*” Lilo elo. Owu, indlela ebesidla ngokwenza oko kuhlokome apha, size siqhabe izandla zethu. Sasiye sithi:

Omnye wabo, omnye wabo,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo; (Haleluya!)
Omnye wabo, ndingomnye wabo,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Babehlanganisene kwigumbi eliphezulu,
Bonke bethandaza eGameni Lakhe,
Babhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele,
Namandla entsebenzo afika;
Ngoku into Awabenzela yona ngaloo mhla
Uya kuyenza nakuwe ngokufanayo,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Omnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;
Omnye wabo, ndingomnye wabo,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo. (Unguye?)

²³¹ Phulaphulani kulo mqolo:

Nangona aba bantu besenokungafundi ukuba njalo,
Okanye baqhayise ngodumo lwehlabathi,
Bonke bayamkela iPentekoste yabo,
Babhaptizwa eGameni likaYesu;
Kwaye baxela ngoku, kokubini kude nakububanzi,
Amandla Akhe nje ayafana,
Kwaye ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Owu, omnye wabo, ndingomnye wabo,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;
Omnye wabo, owu, ndingomnye wabo,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Owu, yiza, mzalwana wam, ufune le ntsikelelo
Leyo eya kuhlambulula intliziyo yakho isuke esonweni,
Iya kuqalisa ukukhala kweentsimbi zovuyo

Kwaye iya kuwugcina umphefumlo wakho
uvutha;

Owu, iyavutha ngoku ezantsi entliziyweni
yam,

Owu, uzuko kwiGama Lakhe,

Kwaye ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo. (Uyayivuyela loo nto?)

Omnye wabo, omnye wabo,

Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;

Owu, omnye wabo, omnye wabo,

Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

²³² Owu, awuvuyi na? Makhe sixhawulane omnye nomnye xana
silicula. Ingaba uthini na wena? Makhe sikwenze.

Omnye wabo, omnye wabo,

Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi ndingo. . .

(Ndivuya kakhulu nam, mzalwana.)

Owu, omnye wabo, omnye wabo,

Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Owu, yiza, mzalwana wam, ufune le ntsikelelo
Leyo eyaku. . . umphefumlo uvutha,

Oku kuya kuqalisa ukukhala kweentsimbi
zovuyo

Kwaye kuya kuwugcina umphefumlo wakho
uvutha;

Owu, iyavutha ngoku entliziyweni yam,

Owu, uzuko kweLakhe. . .

Makhe siphakamiseleni izandla zethu phezulu.

. . . vuya ukuba ndinokuthi ndingomnye wabo.

²³³ Sisonke kunye:

Omnye wabo, omnye wabo,

Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;

Ndingomnye wabo, omnye wabo,

Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

²³⁴ Phulaphulisani kwakhona ngoku, yabona.

Nangona aba bantu bese—besenokungafundi
ukuba njalo, (Abazange bavele ekholejini.)

Okanye baqhayisa ngodumo lwehlabathi,

Bonke bayamkela iNtsikelelo yabo
yePentekoste,

Babhaptizwa eGameni likaYesu;

Kwaye bayaxela ngoku, kokubini kude
nakububanzi, (Yonke indawo encinci kunye
nekona.)

Amandla Akhe nangoku ayafana,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

235 Owu, liculeni, bandla!

. . . bona, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;
Owu, omnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wa . . .

236 Thabatha itshefu yakho encinane ngoku.

Omnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;
Owu, omnye wabo, omnye wabo,
Kwaye ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

237 Mayibongwe iNkosi! Amen! Sifana nje nabantwana.
Akukho nto isesikweni ngathi. UThixo akanasimo. Ingaba
kunjalo oko? Ewe, mhlekazi!

Ndingomnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;
Ndingomnye wabo, omnye wabo,
Owu, ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wa . . .

238 Ingaba wonwabile ngokwenene ungatsho oko? Phakamisa
nje isandla sakho, uthi, “Mayibongwe iNkosi!” [Ibandla
lithi, “Mayibongwe iNkosi!”—Mhl.] “Mayibongwe iNkosi!”
Ndiyavuya ukuba ndingomnye wabo! Ndiyavuya ukuba nguye.

239 Nkosi uThixo, ndivuya kakhulu. “Omnye wabo, omnye
wabo, ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi ndingomnye wabo.”
Owu Thixo, sincede ukuba sibe koko. Sincede ukuba sigcine
iziKhanyiso zikhazimla, Nkosi, njengokuba simatsha sibhekise
eZiyoni. Siphe oko, Bawo. EGameni likaYesu, sinikela ngobomi
bethu kuWe ngexxa yenkonzo. Amen. Amen.

Owu, simatsha ukuya eZiyoni,
Owu, entle, entle iZiyoni;
Simatsha sinyuka sibhekise eZiyoni,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Yizani, thina abo bayithandayo iNkosi,
Kwaye nenze uvuyo lwethu lwaziwe,
Zimanyeni kwiculo ngomxhelo omnandi,

Zimanyeni kwiculo ngomxhelo omnandi,
Kwaye ngokunjalo ningqonge iTrone
Kwaye . . .

Owu, culani nje nikuMoya!

. . . iTrone.

Owu, siyamatsha ukuya eZiyoni,
Leyo intle, intle iZiyoni;
Siyamatsha sinyuka ukuya eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Owu, siyamatsha ukuya eZiyoni,
Entle, entle iZiyoni;
Siyamatsha sinyuka ukuya eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Makhe abo abalayo ukucula
Abangazange bamazi uThixo wethu;
Kodwa abantwana boKumkani waseZulwini,
Kodwa abantwana boKumkani waseZulwini,
Bangathetha ngovuyo lwabo ngokubanzi,
Bangathetha ngovuyo lwabo ngokubanzi.

240 Makhe siyiculeni!

Siyamatsha ukuya eZiyoni,
Owu, entle, entle iZiyoni;
Siyamatsha sinyuka ukuya eZiyoni,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.


241 Owu, akunenzi oko nizive kamandi? Ingaba aniwathandi laa maculo akudala? Ndi—ndingathanda ukuba nawo kunako konke onako . . . okanye naluphi na olunye uhlobo lwamaculo onokuba nalo. Wona amnandi, amaculo akudala asuka entliziyweni. Owu, bethu! Ndiziva kamnandi kakhulu kwaye ndonwabile xana ndiwacula, nje kamnandi! Bethu, ndiziva nje ndivuyile!

Thabatha iGama likaYesu kunye nawe,
Mntwana wosizi kunye noyeha;
Liya kukunika uvuyo kunye nentuthuzelo,
Owu, Lithabathe, naphi na apho uya khona.

IGama eliXabisekileyo, (iGama
eliXabisekileyo!) Owu limnandi
kangakanani! (Owu limnandi kangakanani!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elixabisekileyo, Owu limnandi
kangakanani!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

242 Njengoko sithobisa iintloko zethu ngoku:

EGameni likaYesu kuyaqubudwa,
Siwa ngobuso ezinyaweni Zakhe,

UKumkani wookumkani eZulwini
 siyakuMthwesa isithsaba,
Xana uhambo lwethu lugqityiwe.
Xabisekileyo... (Ndifuna ukundulula?)...
 Owu limnandi kangakanani!
Ithemba lomhlaba kunye... 

63-0724 UThixo Akambizeli Umntu EmGwebeni
Ngaphandle Kokuba Amlumkise Kuqala
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org